Louis Johannes Raubenheimer v the Trustees of the Hendrik Johannes Bredenkamp Trust naBanye	Ityala leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni elingunombolo. 10228/04	Esi sigwebo sijongana nento echaphazela umntu ngokuyinyani kwisigqibo sogunyaziwe welifa lemveli esivumela ukuba kubhenwe kulandelwa imiqathango yeNHRA. Inkundla yafumanisa ukuba loo nto ichaphazela umntu mayibe yinto emchaphazela ngokwenyani, ingabi nje kukuba umntu uyavakalelwa zizibonelelo zelifa lemveli.
Top Performers (Pty) Ltd v UMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko noLonwabo	Ityala leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni elingunombolo. 5591/05	Esi sigwebo sinempembelelo enkulu kwiinkqubo zezibheno zeenkundla zokusombulula iimbambano (tribunals) ezinyulwe liLungu leSigqeba soLawulo ngokwecandelo lama-49 loMthetho wooVimba beLifa leMveli beSizwe, we-1999, ofundwa kunye noMmiselo we-12 wePN 336 wama-2003. IDCAS neLungu leSigqeba soLawulo bathathe amanyathelo okulungisa ukuqinisekisa malunga neenkqubo zolawulo ezinobulungisa, ukwenza isibonelelo sokwamkelwa kobungqina obutsha kwirekhodi yeenkqubo zolawulo, ukwenza isibonelelo ekwamkelweni kobungqina obutsha kwirekhodi yenkqubo yenkundla eyodwa, kunye nokuthobela ngendlela engcono imigaqo yezobulungisa besiqhelo ngokweaudi alteram patem maxim (ukugweba ityala usakuba umamele ingcaciso yamacala omabini).
The Chairpersons' Association v UMthathiswa weNkcubeko [2007] SCA 44 (RSA)	Ityala leNkundla ePhezulu yeZibheno elingunombolo. 25/2006	Esi sigwebo simisela oko kuthathwa njengothethwano olufanelekileyo noluntu namanye amaqumrhu ngokusingise kwiinguqu kumagama eengingqi. I-DCAS neKomiti yamaGama eeNgingqi yePhondo leNtshona Koloni emiselwe nguMEC zenza indima ephambili ekuphumezeni imithetho efanelekileyo, ingakumbi ngokusingise ekuquzeleleni uthethwano namaquMnuhu noluntu oluchaphazelekayo. Kufuneka ke ngoko esi sigwebo zisithathele ingqalelo kwinkqubo neendlela ezizisebenzisayo ukulawula iinguqu kumagama eengingqi.
Qualidental Laboratories v iLifa leMveli leNtshona Koloni [2007] SCA 170 (RSA)	Ityala leNkundla ePhezulu yeZibheno elingunombolo. 647/06	Esi sigwebo singqina amagunya anikwa iLungu leBhunga loLawulo kunye neLifa leMveli leNtshona Koloni ukuze kunyanzeliswe imiqathango ethile kwezophuhliso ngokwecandelo 48 loMthetho weMithombo yeLifa leMveli leSizwe, ka-1999.

Ityala lenkundla	Isalathiso	Ingcaciso
IArhente yeMithombo yeLifa leMveli loMzantsi Afrika v the Arniston Hotel Property (Pty) Ltd noMnye	Ityala leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni elingunombolo. 5446/2006	Esi sigwebo simalunga nombala woMsebenzi ophunyezwe phantsi kweMigaqo yezeZakhiwo yeSizwe ngaphambi kokumiselwa kokhuselo ngokwe-NHRA nemiba yokufaneleka kwesaziso sokhuselo lwethutyana.
Willows Properties (Pty) Ltd v uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	Ityala leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni elingunombolo. 13521/08	Ummangali ufake isicelo esingxamisekileyo kwiNkundla ePhakamileyo ukunyanzelisa iLungu leBhunga eliLawulayo ukuba lenze isigqibo okanye, kungenjalo, akhuphe okuBhaliweyo phantsi okusiSigqibo ngokumalunga nesibheni esifakwe kwiLungu leBhunga eliLawulayo ngokwecandelo lama49 loMthetho weMithombo yeLifa leMveli leSizwe, ka-1999, ofundwa kunye nommiselo 12(7) we-PN 336 ka-2003. Impembelelo yesi sigwebo kwi-DCAS kukuba kufuneka iqinisekise ukuba iinkundla ezizodwa zikhupha okusiSigqibo esiBhalwe phantsi ngexesha elifanelekileyo. Sele ephunyeziwe amanyathelo okulungisa.
Waenhuiskrans Arniston Ratepayers Association and Another v Verreweide Eiendomsontwikkeling (Edms) Bpk naBanye 1926/2008 [2009] ZAWCHC 181.	Ityala leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni elingunombolo. 1926/2008	Inkundla ithathele ingqalelo umbala wokuba ingaba i-Arhente yezeLifa leMveli yoMzantsi Afrika okoanye iLifa leMveli leNtshona Koloni zinoxanduva lweendawo ezililifa lemveli ezibekwe kuMgangatho 1 yeSAHRA ngokwecandelo 35 nelama-36 loMthethoweMithombo yeLifa leMveli weSizwe, 1999 . INkundla ifumanise ukuba, kwiimeko ezinjalo, iSAHRA yiyo enoxanduva. Oku kuchaphazela iHWC kuba kufuneka iSebe libonelele ngoncedo lwezoMthetho iLifa leMveli leNtshona Koloni ukutolika umthetho, kwaye kufuneka liqinisekise ukuba uMthetho weLifa leMveli usebenza ngokwamagunya owanikayo.
Peter Gees v uMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo,weNtshona Koloni, uSihlalo, Independent Appeal Tribunal, Iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni, iSixeko saseKapa, City Bowl Ratepayers; & Residents' Association	Ityala leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni elingunombolo. 6205/2015	INkundla iye yangqina ukuba ukunyanzeliswa kwemiqathango kuphantsi koMthetho ka-1999 wooVimba baMafa eMveli elizwe, yaye kuyahambelana nalo Mthetho gabalala. Imiqathango inganyanzeliswa xa kukho imvume yokudiliza isakhiwo esidala esineminyaka engaphezu kwengama-60 ngokwecandelo 34(1) lalo Mthetho.
Piketberg Local Heritage Committee and Another v Liebco Vleishandelaars Edms Bpk nabanye (Iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni elinguMmangalelwa wesi-2)	Ityala leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni elingunombolo. 1103 2016	Isicelo sokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo seKomiti yeendawo ezakhiweyo nokuma komhlaba (iBELCom) ephantsi kweHWC. I-BELCom yayinikwa imvume yokudiliza isakhiwo esikwiSiza 207 ePiketberg. IKomiti yeLifa leMveli yasePiketberg yafaka isicelo sokuba iNkundla ePhakamileyo isiqwalasele ngokutsha esi sigqibo nanjengoko yayisithi khange ilandelwe imigaqo yePAJA. INkundla yaqwalasela umgaqo-nkqubo okhoyo ngoku weHWC ofuna ukuba iintlanganiso zichotshelwe namaqumrhu olondolozo abhalisiweyo kuphela, yaza yathi, njengokuba isigqibo esithathwayo sinokuchaphazela uluntu gabalala, kusafuneka kubanjwe iindibano noluntu.

8. UBUME BEZIKO



ICANDELO B: IINKCUKACHA NGENTSEBENZO

1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI: IINJONGO ESELE ZIBEKIWE

UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika wenza imigaqo efanelekileyo yophicothi-zincwadi kwiinkcukacha zomsebenzi ukuqinisekisa ngokugqitywa kophicotho-zincwadi. Ukugqitywa kophicotho-zincwadi ngomsebenzi kuthelakiswa neeNjongo ezicwangciswe kwangaphambili zifakwe kwingxelo yabalawuli, kukho izinto ezifunyanisiweyo ezichazwe phantsi kwesihloko seenjongo ezicwangciswe kwangaphambili kwiNgxelo zecandelo leminyane imithetho neemfuno zomthetho kwingxelo yoMphicothi-zincwadi.

Jonga kwiphepha 54 ukuya ku 59 leNgxelo yoMphicothi-zincwadi, epapashwe njengeCandelo E: linkcukacha zemali.

2. UHLALUTYO LWEMEKO

2.1 Imeko-bume yoHanjiso lweeNkonzo

Ukuthobela umyalelo weNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni, iHWC yenze izikhokelo ezisayilwayo zeNtatho-nxaxheba yoluntu. Ezi zikhokelo zaye zaxelwa kwiwekhishophu eyayisindlekwe ngowe-13 Meyi 2017. Le wekhishophu yayizinyaswe ngabantu abasebenza ngamafa emveli, abameli abasuka koomasipala, uluntu namaqumrhu olondolozo. Emva kokunika ingqwalasela kwizimvo ezaphuma kule workshop nakwiKhansili, ez zikhokelo zaye zapapashwa kwiGazethi yePhondo ukuze uluntu lunike izimvo zalo. I-HWC kungokunje igqibezela ezi zikhokelo ukuze zibe zezigqibeleleyo. Kuba zingekabikho izikhokelo ezamkelweyo, iHWC isebenzisa imiqathango yePAJA ukucebisa abafaki-zicelo ekufuneka belandele inkqubo yentatho-nxaxheba yoluntu.


Ilifa leMveli eliyiNkcubeko lilulutho olukhulu kwezokhenkenketho. I-HWC isithathela ingqalelo isidingo sokulungelelanisa imigomo yenkcubeko neyoqoqosho eNtshona Koloni yaye izamela ukuqinisekisa ukuba kukho inzuzo ezifanelekileyo phakathi kophuhliso nolondolozo lwelifa lemveli. Ngaphezu koko, kukho ukungaqondwa kweenkqubo zolawulo lwemithombo yelifa lemveli ukulungiselela olo phuhliso naloo nzuzo. Oku kudale imibono engemihlanga yokuba iHWC ayiluxhasi uphuhliso.

I-HWC yenze ubudlelwane namaqumrhu olondolozo athe abonisa umdla ekuphakamiseni nasekulondolozeni imithombo yelifa lemveli. Ngaphezu koko, iHWC ibonisene noomasipala abahlukeneyo ukuqinisekisa ukuba imithombo yelifa lemveli iyahoywa yaye iyakhuselwa kwiingingqi. Ngaphezu koku, iHWC inikeze ngeengcebiso komasipala abaqulunqa uludwe lwezinto ezililifa lemveli. Kucingwa kananjalo ukuba ukuboniswa komsebenzi weHWC kuya kukhuthaza uluntu ukuba luxabise, lukhusele ilifa lemveli lawo ze lithobele nemiqathango yalo.

Indlela esebenza ngayo iHWC inyanzelisa ukuba kulungelelaniswe izinto ezikhuphisanayo (umz. phakathi kwabaphuhlisi noluntu ezinomdla wokulondolozisa ilifa lemveli) nto edla ngokukhokelela kumangalelo ezinkundleni zamatyala. Oku kukhokelela ekubeni iHWC imane ikhankanywa njengommangalelwa kumatyala asiwe kwiiNkundla eziPhakamileyo.


2.1.1 Isishwankathelo sezicelo ezifakiweyo, iingxelo nemibuzongamafa emveli

Ngeli lixa iNHRA ibonelela ngemisebenzi eliqela eyenziwa ngugunyaziwe wemithombo yelifa lemveli wephondo, umsebenzi omninzi weHWC ubandakanya ukuproseswa kwezicelo phantsi kweSahluko II soMthetho. Kulo nyaka siwuphononongayo apha, iHWC ifumene izicelo zelifa lemveli eziyi2555 nemibuzo eyi455 evela kuluntu. Ziye zanyuka izicelo zelifa lemveli ezithunyelwe kwiHWC ngenxa yokunyuka kweenkqubo zothotyelo-miqathango nangenxa yentsebenziswano namaqumrhu olondolozo.



Inani lezicelo ngonyaka


Kwizicelo eziyi2 555 ezifunyenwe yiHWC, eziyi103 bezimalunga nolawulo lweZiza zaMafa eMveli zePhondo. Kufunyenwe izicelo eziyi45 zemvume yokugrumba okanye zophando kwiziza zeakhiyoloji nezepaliyontoloji okanye kwizinto ezithile. Uninzi lwezicelo ibizezophuhliso nezolungiso, ukongeza okanye ukuchitha izakhiwo ezineminyaka engaphaya kweminyaka engama60 ngokweNHRA. Le grafu ingezantsi ibonisa iintlobo zezicelo ezifunyenwe yiHWC:



2.1.2 Ukuproseswa kwezicelo ziiKomiti zeHWC

Izicelo ezithunyelwe kwiHWC ziproseswa zezi komiti zilandelayo: Akhiyoloji, Paliyontoloji neemithiyorayithi (APM); Ikomiti yeSimo sezoLwakhiwo neMbonakalo-mhlba (BELCom); eyokuJonga iZinto ezikhoyo, eyokwenza amaNqanaba neNkcazo iKomiti yezindlu, uBeko Mgangathweni noToliko (IGIC), eyokuJonga iFuthe iKomiti yoHlobo lweMpembelelo (IACom); iKomiti yeZibhenso; kunye neyeeNtlanganiso zokuSebenza

naziNtlanganiso zeMisebenzi yezeLifa Lemveli (HOMS). Ibhunga liwunabisile umsebenzi onikezelwe kuzo ukuze iHOMS ijongane nezicelo ezinzima nezo zinabachasi. Le grafu ingezantsi ibonisa ukuba zingaphi izicelo eziproseswe yikomiti nganye.



2.1.3 linkqubo zangaphakathi zezibheno

Icandelo 49 leNHRA ligunyazisa iHWC ukuba imisele iKomiti yeZibheno. Kulo nyakamali uphononongwayo, kufakwe izicelo zezibheno ezingamashumi amathathu anesithathu kwiKomiti yeZibheno. Kwizicelo zezibheno ezifunyenweyo, i-50% iye yaxhasa isigqibo ebesenziwe yikomiti ekuqaleni.

2.1.4 IZibheno kwiNkundla kaMphathiswa

Xa kuthe nawuphi na umntu okanye umfaki-sicelo akaneliseka sisigqibo seKomiti yeZibheno, lowo mntu unethuba lokudlulisela usubheno sakhe kuMphathiswa ngokwecandelo 38(6) nelama-49 le-NHRA. UMphathiswa unamagunya okumisela iNkundla eZimeleyo eyenziwa ziingcali ezintathu kumba ophethweyo.

2.1.5 Ukufaka ekhompuyutheni noLawulo lweeNkcukacha

Iwebhusayithi i(www.hwc.org.za) yeHWC sekulixesha ikhona ngoku ibangele ukuba iLifa leMveli leNtshona Koloni ibe nako ukunika uluntu iinkcukacha ezintsha ngezicelo zabo. Le webhusayithi inika iimpendulo zemibuzo evamise ukubuzwa ngabantu efana nendlela yokufaka isicelo sezigunyaziso ezahlukeneyo kwakunye neenkukacha ezifunwa liziko leLifa leMveli leNtshona Koloni. I-HWC ijonga iindlela zokuhlenganisa iSistimu yoLawulo lweeNkcukacha zeLifa leMveli (HIMS) neSouth African Heritage Resources Information System (SAHRIS), eyenziwe yiSouth African Heritage Resources Authority. Oku hlenganiso luza uba negalelo ekubeni iHWC ithobele uxanduva lwayo lonikezo-ngxelo kugunyaziwe wemithombo yelifa lemveli wesizwe, iSAHRA kulawulo lwayo lwezinto ezingamafa emveli zesizwe ze kuvule umhlaba wezint ezinokwenziwa ngovimba ohlanganisiweyo kulawulo lwenkqubo yemithombo yeifa lemveli yephondo.

2.2. Imeko-bume yeZiko

I-DCAS ibonelela ngenkxaso-mali, abasebenzi nangoncedo lokwenziwa kweMsebenzi kwiHWC ukuze ikwazi ukufeza i-NHRA. ILifa leMveli leNtshona Koloni ithe gqolo ukuqinisekisa ukuba oko kucwangcisiweyo kuyenziwa nangona kujanyelenwe nemingeni yokunqongophala kwabasebenzi. Ukuloba nokuqeqesha abasebenzi abanezakhono namava ngumngeni kwILifa leMveli leNtshona Koloni njengoko imivuzo emiyo ingazithatheli ngqalelo izakhono nobungcali obudingekayo kubasebenzi.

Imisebenzi yeli qumrhu yonganyelwe liBhunga elinamalungu ali-11 azingcali ekuzobeni iiplani zokwakha, abacwangcisi beedolophi nemimandla, abacwangcisi beendawo zasezidolophini, iikhiyoloji, imbali yentlalo nemthetho. IBhunga elitsha elaqeshwa ngu-MEC laza laqala ukusebenza ngomhla woku-1 kweyeNkanga 2016; nalapho emva koko kuye konyulwa iikomiti ezintsha. Ixesha lokusebenza kule ofisi leeBhunga elikhoyo kunye neekomiti zalo liphela ngomhla wama-31 Oktobha 2019. Ngaphezu koku, iKhansili iqinisekise ukuba iikomiti ziyakwazi ukusebenza yaye apho kuyimfuneko kuye kutyunjwe amalungu amatsha eekomiti ukuqinisekisa ukuba iHWC yenza umsebenzi wayo ngempumelelo nngemfezeko.

2.2.1 Ukuthathelwa ingqalelo koluhlu lwezinto zesizwe

I-HWC ifanele ukuba iqwalasele ze yamkele izintlu ezingenisiweyo ngoogunyaziwe bemimandla kulandelwa icandelo 30 (5) leNHRA. Kuya kwaqwalaselwa ezi zintlu zilandelayo yi-IGIC kulo nyakamali:

- Stellenbosch Rural Heritage Survey Phase 11B
- George Heritage Asset Register
- Tulbagh Church Street Inventory
- Ou Tuin Precinct Survey, Paarl

Ukungeniswa kwezintu kubalulekile ngenxa yezizathu eziliqela. Zisetyenziselwa ukuchonga nokukhusela ngokusesikweni iziza kulandelwa iCandelo 1 leSahluko II seNHRA yaye, kuba zibeka iziza ngokwamanqanaba, zineda iHWC noogunyaziwe beengingqji ukuqonda ukuxabiseka kwemithombo yamafa emveli.

2.2.2 Ukhuselelo ngokusesikweni lweMithombo yeLifa leMveli

Kulo nyakamali, iHWC kuye kwafuneka ikhusele imithombo yeLifa leMveli engaphathekiyo enento yokwenza nezinto zenkcubeko ezikwimihlaba ekummandla wePhilippi Horticultural Area (PHA) neTwo Rivers Urban Project (TRUP), le yokugqibela iphakathi kweLiesbeeck River neBlack River eObservatory. Kwezi projekthi zombini, bekukho injongo yokugqala uphuhliso, nto leyo iHWC iyibone ngokuba akuthathelwa ngqalelo imithombo yeLifa leMveli ekhoyo nokubaluleka kwayo. Ukuqinisekisa ukuba loo mafa emveli akhuselewe, iKhansili yeHWC iye yamkela ukuba iRiver Club Property, eyinxalenye yeTRUP, nenxalenye yePHA, Cape Farm 738 no767 "Jobs Vlei and Ohlhoff Farm", mazikhuselewe kulandelwa imiqathango yecandelo 29 leNHRA. Injongo yolu khuselelo lwethutyana kukuphanda izizathu zokuba kubhengezwe ngokusesikweni ezi ziza njengeziza zamafa emveli zephondo.

2.3. Iinguqu eziphambili zotshintsho kuphuhliso lomgaqo-nkqubo kwakunye nowiso-mthetho

2.3.1 Uphuhliso lomgaqonkqubo

Kulo nyakamali iKhansili yenze izilungiso kule migaqo ilandelayo:

- Umgaqonkqubo wokuHlawulwa kweKhansili neeKomiti zaYo; kunye
- Umgaqonkqubo neNkqubo yeHWC yoLwulo lweeMathiriyeli zeAkhiyoloji

2.3.2 Amatyala

2.3.2.1 Izityholo ezibekiweyo

Inombolo yeTyala	Igama leTyala	Imo
1209/2.2015 eKapa	Homestead Park, ISiza seLifa leMveli sePhondo eOranjezicht, eKapa	Iphandwa yiNPA
76/5/2015	"Juno", ISiza seLifa leMveli sePhondo ePaarl	Kusabanjwe iingxoxo nomtshutshisi ophethe eli tyala, kuseza kongezwa nezinye izityholo
33/12/2015	The Drostdy, ISiza seLifa leMveli sePhondo eSwellendam	Umtshutshisi walile ukutshutshisa, ityala lidluliselwe kwinqanaba elingentla

I-HWC izimasa iforam yomthetho wezokusingqongileyo ehlanganela eNPA, ekwazinyasw nangamapolisa, ukuze ibonelele ngeenkukacha zolwaphulomthetho lwezinto ezililifa lemveli. Amalungu eforam akwancedisa ukulandelela ugwebo olucothayo.

2.3.2.2 Imiba yeHWC esezinkundleni

Kulo nyakamali uphononongwayo, iHWC iye yangena kula matyala alandelayo:

Inombolo yeTyala	Inkundla	Umba	Imo
16392/17	INKundla ePhezulu yeNtshona Koloni	Bryer NO and others v iHWC	Uxoxwe nge-28 kuTshazimpuzi 2018
46055/15	INKundla ePhezulu yaseGauteng	Midnight Storm	Uza kuxoxwa KweyeKhala 2019
7031/17	INKundla ePhezulu yeNtshona Koloni	Bo-Kaap Civic Association & iHWC v Mayor and City of Cape Town	Uxoxwe nge-26 & 27 KweyoMdumba 2018, ulinde isigwebo
14894/17	INKundla ePhezulu yeNtshona Koloni	Exclusive Access Trading 570 (Pty Ltd) v Usihlalo, Independent Tribunal, uMphathiswa neHWC	Kusasunduzwana ngawo

2.4 Injongo ezijolise kwiziphumo ezicwangcisiweyo

Injongo ecwangcisiweyo yeziko leLifa leMveli leNtshona Koloni kukuqhuba nokulawula inkqubo yenguqu kwimiba yelifa lemveli eNtshona Koloni. Oku kubandakanya ukuchongwa, ukulondolozwa, ukukhuselwa, ukukhuthazwa, nokushicilelwa kunye nokulawulwa kwayo yomibini imithombo ephathekayo nengaphathekiyo yelifa lemveli njengoko kuchaziwe kuMthetho weMithombo yeLifa leMveli weSizwe, onguNomb 25 ka-1999.

3. IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA NGOKWEENKQUBO

Inkqubo: Iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni

Injongo yeziko leLifa leMveli leNtshona Koloni kukucebisa uMphathiswa ngomiselo woMthetho weMithombo yeLifa leMveli weSizwe, 1999 (uMthetho 25 ka-1999) ze ekwenzeni oko, likhusele yaye lilawule imithombo yelifa lemveli yeNtshona Koloni.

Injongo eCwangcisiweyo: Ulawulo lwenkqubo yemithombo yelifa lemveli ehlanganisiweyo eNtshona Koloni.

Inkqubo/umsebenzi/injongo: Iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni					
Injongo eCwangcisiweyo	Okuphunyeziweyo 2016/2017	Ithagethi ebiplaniwe 2017/2018	Okuphunyeziweyo 2017/2018	Ukunxaxha koko bekujoliswe ukuPhunyezwa ngo-2017/2018	Izimvo ngonxaxho
Ulawulo lwenkqubo yemithombo yelifa lemveli ehlanganisiweyo eNtshona Koloni.	106	92	106	+14	Intlanganiso ezongezelekileyo zibanjiwe ukwenzela ukujongana nenani elandayo lezicelo nokulungiselela izicelo ezingelulanga.

Izalathisi zomsebenzi ongundoqo, lithagethi ebeziplaniwe noKona kuPhunyeziweyo

Inkqubo/umsebenzi/injongo: Iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni							
Isalathisi somsebenzi	Okuphunyeziweyo 2014/2015	Okuphunyeziweyo 2015/2016	Okuphunyeziweyo 2016/2017	Ithagethi ebiplaniwe 2017/2018	Okuphunyeziweyo 2017/2018	Ukunxaxha koko bekujoliswe ukuPhunyezwa ngo-2017/2018	Izimvo ngonxaxho
Inani leentlanganiso ezicwangcisiweyo zeBhunga kunye neKomiti yeSigqeba salo ukuze kuphunyezwe i-NHRA	8	9	8	8	8	-	

Inkqubo/umsebenzi/injongo: Iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni							
Isalathisi somsebenzi	Okuphunezi weyo 2014/2015	Okuphunezi weyo 2015/2016	Okuphunezi weyo 2016/2017	Ithagethi ebiplani we 2017/2018	Okuphunezi weyo 2017/2018	Ukunjaha koko bekujoliswe ukuPhunyezwa ngo-2017/2018	Izimvo ngonxaxho
Inani leentlanganiso ezicwangcisiweyo zeekomiti zokwenza izigqibo malunga nezigqibo zokuphumeza i-NHRA	36	40	43	36	45	+9	Intlanganiso ezongezelekileyo zibanjiwe ukwenzela ukujongana nenani elandayo lezigqibo nobunzima bazo

Inkqubo/umsebenzi/injongo: Iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni							
Isalathisi somsebenzi	Okuphunyeziweyo 2014/2015	Okuphunyeziweyo 2015/2016	Okuphunyeziweyo 2016/2017	Ithagethi ebiplaniwe 2017/2018	Okuphunyeziweyo 2017/2018	Ukunxaxha koko bekujoliswe ukuPhunye zwa ngo-2017/2018	Izimvo ngonxaxho
Inani leentlanganiso zabasebenzi zokwenza izigqibo malunga nezicelo ngakubameli abaphuma kwiKhansili ukuze kuphunyezwe i-NHRA	47	46	50	44	49	+5	Intlanganiso ezongezelekileyo zibanjiwe ukwenzela ukujongana nenani elandayo lezicelo nobunzima bazo
Inani leentlanganiso ezicwangcisiweyo zekomiti ezinika ingqwalasela uphando kunye nezicelo ukwenzela ukhuseleko olusemthethweni	-	5	5	4	4	-	

Isicwangciso sokulwa imiba yokusebenza nganeno kunokuba bekufanelwe

Eli ziko lifikelele kuzo zonke izalathiso zokusebenza ebezicwangcisiwe kulo nyaka uphononongwayo

Utshintsho kwiithagethi ebeziplaniwe

Akukho tshintsho lwenziweyo kulo nyaka siwuphononongayo apha.

Ukulungelelanisa umsebenzi nohlahlo-mali

Yonke imisebenzi ilungelelaniswe ngqo nohlahlo-mali nanjengoko kunjalo kwi-APP. Uhlahlo-mali luyahambelana nentlanganiso zokuxhasa iiKomiti zeziko leLifa leMveli leNtshona Koloni.

Inkqubo/ umsebenzi/ injongo	2016/2017			2017/2018		
	Ibhajethi	Eyona nkcitho	Inkcitho egqithisile- yo/enga-	Ibhajethi	Eyona nkcitho	Inkcitho egqithisileyo/ engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Izinto neenkonzco	2 966	3 583	(616)	3 232	3 764	(532)
Zizonke	2 966	3 583	*(616)	3 232	3 764	(532)

* Inkcitho egqithisileyo ibhekisa kwiGRAP 23: Uhlengahlengiso kwiinkonzco ezenziwe kwimivuzo (iindleko zabasebenzi: R546 000) zabasebenzi bolawulo lweemali lwenkonzo zesisa ezifunyenwe kwisebe.

Inkxasomali efunyenwe kwiDCAS isetyenziselwe ukuhlawula inkcitho yemisebenzi yeZiko leLifa leMveli leNtshona Koloni, elungiselelwe oko.

4. Ukuqokelelwa kweMali

Imithombo yengeniso	2016/2017			2017/2018		
	Inggqikelelo	isixamali esiqokelelwe yo	Uqokelelo (Oluggqithisile yo)/olunga- phantsi	Inggqikelelo	isixamali esiqokelelwe yo	Uqokelelo (Oluggqithisileyo)/olu ngaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Uweliselo-mali nenkxasomali	1 800	3 000	1 200	1 611	1 611	0
Ezinye iindleko zokusebenza	694	1 328	634	1266	1 429	163
Inzala yengeni	472	472	0	355	559	204
Iyonke	2 966	4 800	1 834	3 232	3 599	367

* Inggqokelela engaphaya yengeniso inhekiselele koku:

- Inkcitho egqithisileyo ibhekisa kwiGRAP 23: Uhlengahlengiso kwiinkonzco ezenziwe kwimivuzo (iindleko zabasebenzi: R546 000) zabasebenzi bolawulo lweemali lwenkonzo zesisa ezifunyenwe kwisebe; yaye
- Ukususela ngowe-1 Janyuware 2014 iHWC iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni liqalisile ngokuqokelela imirhumo yokusetyenzwa kwezicelo. Oku kulandele ukufakwa kwesi siphakamiso ukuba siphunyezwe nguMphathiswa wePhondo wezemali. Ishedyuli yemirhumo ebizwayo imi ngolu hlobo:

Isixamali	Uhlobo lweSicelo	Icandelo leNHRA
R 330	Ipemethi	Icandelo 48 & neSahluko II (ngaphandla kwecandelo 38)
R 330	Isaziso ngophuhliso olucetywayo	Amacandelo 38(1) & (8)
R 200	Izibheno	Icandelo 49
R1 100	Uhlolo lwempembelelo kwilifa lemveli	Amacandelo 38(2), (3) & (8)

Inkqubo yokuqokelelwa kweentlawulo ichazwe kumgaqonkqubo owamkelwe yiKhansili yeziko.

4.1. Utyalomali kunikezelo lweenkonzo

Alukho

ICANDELO C: ULAWULO

1. INTSHAYELELO

ULawulo loMngcipheko noThotyelo lwemithetho ziintsika ezintathu ezisebenzisanayo ezinjongo ikukuqinisekisa ukuba iZiko eli liyazizalisekisa iinjongo zalo. Ukuhamba ngokwemigaqo-nkqubo neenkqubo ezifanelekileyo, imithetho nemimiselo ephumela kuLawulo olomeleleyo nolucikizekileyo kuthathwa njengondoqo okhokelela kwimpumelelo yeZiko.

Le ngxelo inika amagqabantshintshi oLawulo lweZiko.

2. IIKOMITI ZAMASEBE

Iikomiti zePalamente yePhondo ezongamele iZiko leLifa leMveli leNtshona Koloni yiKomiti esiSigxina yeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, neKomiti esiSigxina yee-Akhawunti zikaRhulumente (SCOPA):

IKomiti eSisigxina yeMicimbi yeNkcubeko neeAkhawunti zikaRhulumente	
Umhla woManyelo	Umba oQwalaselwayo
2 KweyeNkanga 2017	Ingxoxo ngeNgxelo yoNyaka
24 KweyeNkanga 2017	Ivoti 13 yoHlengahlengiso yeDCAS
7 KweyoKwindla 2018	Ingxoxo ngeVoti 13 yeBhajethi

3. ISIGQEBA ESILAWULAYO

Isigqeba esilawulayo silufezekisile uxanduva lokongamela ngokubeka esweni iinkcukacha zemali nezo zingezozamali zesi sithuba siphononongwayo. Kungeniswe ezi ngxelo zilandelayo ngenjongo zobekoliso:

Ingxelo yokuSebenza yeKota	31 EyeKhala 2017, 31 EyeDwarha 2017, 31 EyoMqungu 2018 neye-30 uTshazimpuzi 2018.
Ingxelo yoBekoliso yoNyaka	31 EyeKhala 2017, 31EyeDwarha 2017, 31 EyoMqungu 2018 neye-30 uTshazimpuzi 2018.

4. IKHANSILI YEZIKO LELIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Intshayelelo

IKhansili isekwe ngokuphathelele kuMthetho, 1999 weMithombo yeLifa leMveli leSizwe nemimiselo epapashwe njengesibhengezo sePhondo 336 somhla wama-25 kweyeDwarha 2002.

Indima yeKhansili yile ilandelayo:

IKhansili yiyo enegunya nethatha izigqibo kwimicimbi yepolisi nazo zonke iindawo ezenza izigqibo ngokuphathelele kwiNHRA naleyo ingazithumelanga ikomiti zayo.

Itshatha yeBhodi

Iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni alinatshatha isemthethweni koko likhokelwa NguMthetho weMithombo yeLifa leMveli weSizwe, 1999 (Umthetho 25 ka-1999).

Ubume beKhansili ekhoyo ngoku, 2016 ukuya ku-2019

Igama	Isikhundla (kwisigqeba seBhodi loLuntu)	Umhla wotyumbo	Umhla wokuphela kwehemu/umhla wokuyeka	Izifundo eziphunyelweyo	Ubungcali bakhe	Isikhundla sokuba nguMlawuli kwiiBhodi (Dwelisa amaziko)	Ezinye iiKomiti okanye amaqela okusebenza (umz: iKomiti yoPhicotho /iqela lokusebenza loMphathiswa)	Inani leeNtlangani so eziziNyasiwe yo
Gqr Antonia Malan	Ilungu Usihlalo	1 EyeNkanga 2016	31 EyeDwar ha 2019	PHD in Archaeological Records and Inventory; BA Hons. in Archives, Architecture and Archaeology	Umthetho ngezinto ezililifa lemveli nokwenziwa kwemigaqonkqubo; Uyilo lwezakhiwo; imbonakalomhlaba;	Asikho	EXCO, neAPM	27
Nksz Quahnta Same	Ilungu	1 EyeNkanga 2016	31 EyeDwar ha 2019	BTech: Town and Regional Planning (cum laude); ND: Town and Regional Planning, Planning and Geometrics	Umthetho ngezinto ezililifa lemveli nokwenziwa kwemigaqonkqubo; ezolwakhiwo nembonakalomhlaba; ucwangciso lweedolophu nolwemimandla	Asikho	IGIC	7

Igama	Ilungu	Umhla wotyumbo	Umhla wokuphela kwethemu/umhla wokuyeka	Izifundo eziphunyelelweyo	Ubungcali bakhe	Isikhundla sokuba nguMlawuli kwiiBhodi (Dwelisa amaziko)	Ezinye iiKomiti okanye amaqela okusebenza (umz: iKomiti yoPhicotho /iqela lokusebenza loMphathiswa)	Inani leNtlanganiso ezizinyasiweyo
Mnu Rowen Ruiters	Ilungu	1 EyeNkanga 2016	31 EyeDwar ha 2019	BTech: Architectural Technology; BTech: Project Management ND: Architectural Technology	Uyilo lwezakhiwo	Asikho	Appeals	11

Igama	Isikhundla (kwisigqeba seBhodi loLuntu)	Umhla wotyumbo	Umhla wokuphela kwethemu/umhla wokuyeka	Izifundo eziphuyelelweyo	Ubungcali bakhe	Isikhundla sokuba nguMlawuli kwiBhodi (Dwelisa amaziko)	Ezinye iKomiti okanye amaqela okusebenza (umz: iKomiti yoPhicotho /iqela lokusebenza loMphathiswa)	Inani leNtlang aniso eziziNyasi weyo
Mnu Siphiso Mavumengwana	1 EyeNkanga 2016	31 ha 2019	EyeDwar	Dipl. Marketing Management	Imbonakalomhlabane; ucwangciso lweedolophu nolwemimandla; iakhiyoloji (ukupeyinta ematyeni)	UGunyaziwe oJongene neZotywala eNtshona Koloni	ExCo, IGIC neIACOM	24
Nksz Corlie Smart	1 EyeNkanga 2016	31 ha 2019	EyeDwar	BProc: LLM	Ezelifa lemveli nokwenziwa kwemigaqonkqubo;	Asikho	ExCo neZibheno	16

Igama	Isikhundla (kwisigqeba seBhodi yeZiko loLuntu)	Umhla wotyumbo	Umhla wokuphela kwethemu/u mhla wokuyeka	Izifundo eziphunyelelweyo	Ubungcali bakhe	Isikhundla sokuba nguMlawuli kwiiBhodi (Dwelisa amaziko)	Ezinye iiKomiti okanye amaqela okuSebenza (umz: iKomiti yoPhicotho /iqela lokusebenza loMphathiswa)	Inani leNtlang aniso eziziNyasi weyo
Mnu Chris Snelling	Ilungu 1 EyeNkanga 2016	31 ha 2019	EyeDwar	Bachelor in Architectural Studies	Uyilo lwezakhiwo; ukushicilelwa kwezinto ezililifa lemveli noovimba	Asikho	ExCo neIACOM	27
Nksz Karin Ström Dugmore	Ilungu 1 EyeNkanga 2016	31 ha 2019	EyeDwar	Bachelor in Architectural Studies	Uyilo lwezakhiwo; ukushicilelwa kwezinto ezililifa lemveli noovimba	Asikho	Exco neBELCom	24
Mnu Ignatuis de Swardt	Ilungu 1 EyeNkanga 2016	31 ha 2019	EyeDwar	MA in Cultural History (cum laude); BA Hons. History: BA African Studies	Uyilo lwezakhiwo; ukushicilelwa kwezinto ezililifa lemveli noovimba	Asikho	IGIC	7
Mnu Graham Jacobs	Ilungu 1 EyeNkanga 2016	31 ha 2019	EyeDwar	Bachelor in Architectural Studies	Uyilo lwezakhiwo; ukushicilelwa kwezinto ezililifa lemveli noovimba	Asikho	BELCom	22

Igama	Isikhundla (kwisigqeba seBhodi yeZiko loLuntu)	Umhla wotyumbo	Umhla wokuphela kwethemu/u mhla wokuyeka	Izifundo eziphunyelelweyo	Ubungcali bakhe	Isikhundla sokuba nguMlawuli kwiiBhodi (Dwelisa amaziko)	Ezinye iiKomiti okanye amaqela okuSebenza (umz: iKomiti yoPhicotho /iqela lokusebenza loMphathiswa)	Inani leNtlang aniso eziziNyasi weyo
Nksz Katherine Dumbrell	Ilungu	1 EyeNkanga 2016	31 EyeDwartha 2019	Bachelor in Architectural Studies Post Graduate Diploma in African Studies	Uyilo lwezakhiwo; documentation of	Asikho	IGIC	8
Gqr Rolf Annas	Ilungu	1 EyeNkanga 2016	31 EyeDwartha 2019	BA(Hons)	Promotion, interpretation and education of heritage resources.	Asikho	IGIC	8
Nksz Joline Young	Ilungu	1 EyeNkanga 2016	31 EyeDwartha 2019	MA: Historical Studies	Umthetho ngezinto ezililifa leMveli nokwenziwa kwemigaqonkqubo	Asikho	IACOM (uyeke ngowe-8 kweyeNkanga 2017)	11

Igama	Isikhundla (kwisigqeba seBhodi yeZiko loLuntu)	Umhla wotyumbo	Umhla wokuphela kwethemu/u mhla wokuyeka	Izifundo eziphunyelweyo	Ubungcali bakhe	Isikhundla sokuba nguMlawuli kwiiBhodi (Dwelisa amaziko)	Ezinye iiKomiti okanye amaqela okuSebenza (umz: iKomiti yoPhicotho /iqela lokusebenza loMphathiswa)	Inani leNtlang aniso eziziNyasi weyo
Gqr Stephanus Le Roux	Ilungu	1 EyeNkanga 2016	15 KweyoKwindl a 2019	DTech, MA, HDE, Hons, BA	Drama	Asikho	IGIC (uyeke ngowe- 15 KweyoKwindla 2017)	0

Uuhlu lwaMalungu eKomiti 2016-2019

Igama leKomiti	Inani leentlanganiso ezibanjweyo	Inani laMalungu	Amagama aMalungu
EXCO	4	5	Gqr Antonia Malan (Ushlalo) Mnu Sphiwo Mavumengwana Nksz Corlie Smart Mnu Chris Snelling Nksz Karen Dugmore Ström
BELCOM	20	10	Nksz Karen Dugmore Ström (Ushlalo) Mnu Graham Jacobs Mnu Peter Büttgens Mnu Mike Scurr Mnu Mayiji Nyikosa Nksz Janine de Waal Nksz Elize Joubert (uyeke ngowe-26 Kutshazimpuzi 2017) Mnu Gaarith Williams Nksz Belinda Jane Mutti Mnu David Gibbs (utyunjwe ngowe-12 KweyoMsintsi 2018)
APM	12	8	Gqr Antonia Malan (Ushlalo) Gqr Ragna Redelstorff Gqr Lita Webley Gqr Mariagrazia Galimberti Nksz Cecilene Muller Gqr Jayson David John Orton Mnu John Gribble Mnu Steven Walker (uyeke ngowe-11 KweyeDwarha 2017)

Igama leKomiti	Inani leentlanganiso ezibanjweyo	Inani laMalungu	Amagama aMalungu
Appeal	11	5	Nksz Corlie Smart (Ushihlalo) Mnu Rowen Ruiters Gqr Nicholas Baumann Mnu Tseliso Leshoro Prof Andre van Graan
IGIC	4	12	Mnu Sipiwo Mavumengwana (Ushihlalo) Mnu Ignatius Petrus de Swardt Nksz Quahnita Samie Nksz Katherine Dumbrell Gqr Rolf Annas Gqr Daniel Stefanus le Roux Mnu Stefan de Kock Nksz Jenna Lavin Nksz Katherine Dumbrell Nksz Fowzia Achmat Nksz Terry-Jo Throne (uyeke ngowe-4 KweyeThupha 2017) Mnu Tizzie Mangaigalli (utyunjwe ngowe-8 KweyeNkanga 2017 wayeka ngowe-7 Kweyokwindla 2018)

Igama leKomiti	Inani leentlanganiso ezibanjweyo	Inani laMalungu	Amagama aMalungu
IACOM	13	13	Mnu Chris Snelling (Ushlalo) Mnu Sphiwo Mavumengwana Nksz Joline Young (uyeke ngowe-8 KweyeNkanga 2017) Mnu Frik Vermeulen Mnu Steven Walker (uyeke ngowe-11 KweyeDwarha 2017) Prof Fabio Todeschini Mnu Guy Thomas Nksz Natasha Higgitt (uyeke ngowe-8 KweyeNkanga 2017) Nksz Cecilene Muller Mnu Andrew Hall (uyeke ngowe-11 KweyeDwarha 2017) Mnu Dave Saunders (utyunjwe ngowe-8 KweyeNkanga 2017) Mnu Tizzie Mangaigalli (utyunjwe ngowe-8 KweyeNkanga 2017 wayeka nge-7 KweyoKwindla 2018) Gqr Lita Webley (utyunjwe ngowe-17 KweyoMqungu 2018)

Intlawulo yamalungu

lipakeji zenzuzo ezifunyanwa ngamagosa ngobonelelo-zinkonzo kumaziko karhulumente zixelwa nguMhathiswa weZemali ze zichazwe kwiSetyhula kaNondyebo yePhondo. Ireyithi kaSihlalo weKhansili yiR511 ngeyure ze iKomitana nganye kaSihlalo ifumane iR448 ngeyure e amalungu wona ahlawulwe iR310 ngeyure.

Amagama		Intlawulo R'000	Ezinye iintlawulo (T & S) R'000	Iyonke R'000
Achmat	F	3	0	3
Annas	R	14	4	18
Baumann	N	13	0	13
Büttgens	P	48	7	55
de Kock	S	3	0	3
de Swardt	IP	12	45	57
de Waal	J	40	8	48
Dumbrell	K	14	14	28
Galimberti	M	10	0	10
Gibble	J	12	1	13
Gibbs	D	24	2	26
Hall	A	13	0	13
Hiqqitt	N	0	0	0
Jacobs	G	58	23	81
Joubert	E	0	0	0
Lavin	J	3	0	3
Le Grange	L	31	3	34
le Roux	S	0	0	0
Leshoro	T	13	0	13
Leslie	M	0	0	0
Malan	A	60	1	61
Manqiaqalli	T	8	5	13
Mavumengwana	I	50	46	96
Muller	C	51	0	51
Mutti	BJ	44	30	74
Nyikosa	M	13	1	14
Orton	J	11	3	14
Redelstorff	R	0	0	0
Ruiters	R	17	0	17
Ström	KD	74	7	81
Samie	Q	13	0	13
Saunders	D	10	0	10
Scurr	M	43	3	46
Smart	C	24	12	36
Snelling	C	70	8	78
Thomas	G	23	0	23
Throne	TJ	0	0	0
Todeschini	F	14	0	14
Van Graan	A	14	0	14
Vermeulen	F	31	1	32
Walker	S	10	0	10

Amagama		Intlawulo R'000	Ezinye iintlawulo (T & S) R'000	Iyonke R'000
Webley	L	23	2	25
Williams	G	16	0	16
Young	J	27	3	30
		957	229	1186

5. ULAWULO LWEMINGCIPHEKO

Igosa loNiko-nkcaza (AO) lesebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lithatha uxanduva lokuphumeza ulawulo lokusemngciphekweni loShishino (ERM) ngokweSakhelo solawulo lokusemngciphekweni kwiCandelo likaRhulumente likaNondyebo weSizwe (PSRMF) neCandelo lolawulo lokusemngciphekweni loShishino (D:ERM) kwiSebe leNkulumbuso (DoTP) ubonelela ngeenkonzoz zenkxaso ecwangcisiweyo kwisebe.

Ngokuhambelana neSakhelo solawulo lokusemngciphekweni kwiCandelo likaRhulumente likaNondyebo weSizwe (PSRMF) nokuqhubela phambili ulawulo lokusemngciphekweni kwiQumrhu loluntu, uRhulumente weNtshona Koloni (WCG) wamkele uMgaqo-nkqubo we-ERM ochaza phandle iinjongo ziphela zeWCG malunga ne-ERM. Iziko loluntu lithathele kulo isicwangciso-qhinga se-ERM esiphunyezwe ligosa elinika ingxelo sesithuba sika-2016/17 – 2017/18, kunye nesicwangciso sokuphumeza se-ERM sika-2016/17, esamkelwa yiAO nge-15 Epreli 2016. Isicwangciso soMiselo se-ERM nesiqalileyo ukusetyenziswa ngumgaqo-nkqubo we-WCG REM nesicwangciso-qhinga se-ERM seziko loluntu sichaza indima nenxaxheba ethathwa lulawulo nabasebenzi ukulawula umngcipheko kwisebe.

Isebe lihlole imingcipheko ebalulekileyo nenokuthi ibe nobuzaza ekuphunyezweni kweenjongo zombini zesicwangciso-qhinga nezo zomngcipheko weenkqubo, kokwekota nganye. Imingcipheko iqwalaselwe ngokohlobo eyenzeka ngayo nomonakalo owenzayo (ezenzekelayo neyenziwayo) nezinye izinto ezithomalalisayo ekuvunyelenwe ngazo ukucutha umngcipheko ude uye kumgangatho ovumelekileyo. Imingcipheko emitsha okanye evelayo iqatshelwe kuhlobo ngokwekota.

ISebe lisungule iKomiti yoLawulo lweZiko eliseMngciphekweni (ERMCO) ukuncedisana negosa elinika ingxelo ukuba likwazi ukusebenza imisebenzi elinoxanduva lwayo nemalunga nolawulo lomngcipheko. IKomiti isebenza ngaphantsi kwemiqathango yokusebenza ephunyezwe liGosa elinika iNgxelo ngowe-30 Matshi 2016. I-ERMCO iphonononge ikakhulu izicwangciso zongenelelo eziye zamiselwa ukujongana nemingcipheko yeSebe yaze yandulula ezinye iintshukumo apho kuyimfuneko. Esi sicwangciso sinye kwanala manyathelo omiselo asebenza ngokufanayo nakwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni.

IKomiti yoPhicotho yeKlasta yeMicimbi yeZoluntu ikwabeka iliso kwinkqubo yolawulo lwemingcipheko ngokuzimeleyo njengenxalenye yophononongo lwekota kwisebe.

Kubekho inkqubela eninzi kulawulo lwemingcipheko kunyakamali ka-2016/17. Kubekho inkqubela entle ekulawuleni imingcipheko nasekunyuseni izinga

lokugada imingcipheko kwiSebe; oku kube luncedo olukhulu kwindlela isebe eliyelaqhuba kakuhle ngayo.

6. ICANDELO LOLAWULO LWANGAPHAKATHI

Luxanduva lweGosa eliNika iNgxelo ukuqhubeka lihlola livavanya ulawulo lwangaphakathi ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yolawulo ekhoyo iyasebenza, inempumelelo kwaye ayifihli nto kwaye ihlengahlengiswa rhoqo xa kuyimfuneko. Ukuphumeza oku, iintlanganiso zolawulo oluphambili zekota noMphicothi-zincwadi Jikelele, nabalawuli benkqubo beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo noMphathiswa wePhondo. Le yinkqubo eqhubekayo ukuqinisekisa ukuba iSebe lifumana uphicotho-zincwadi olungenachaphaza.

7. UPHICOTHO LWANGAPHAKATHI NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI

Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi lubonelela ngolawulo lweenkonzo ezizimeleyo, zesiqinisekiso esineenjongo nezokunika iingcebiso esenzelwe ukongeza ixabiso nokuphucula imisebenzi yeziko. Luncedisa iziko eli ukufezekisa iinjongo zalo ngokuza neendlela eziqhuba kakuhle nezilungileyo ukuvavanya nokuphucula impumelelo yoLawulo, uLawulo lweMingcipheko neenkqubo zoLawulo.

Kwenziwa le misebenzi ilandelayo ngolu phicotho:

- Ukuhlola nokwenza izindululo ezifanelekileyo zokuphucula inkqubo yolawulo ukuphumeza iinjongo zesebe;
- Ukuvavanya ukwanelisa nempumelelo kunye nokuba negalelo ekuphuculeni inkqubo yolawulo lokusemngciphekweni;
- Ukuncedisa iGosa eliNika iNgxelo ukugcina ulawulo olunempumelelo nolusebenzayo ngokuvavanya ezo nkqubo zolawulo ukujonga ukuba zisebenza ngempumelelo na nokwenza izindululo zokuqhubela phambili nokuphucula oku.

Ikomiti yoPhicotho imiselwa njengesigqeba sobekoliso, esibeka iliso ngokuzimeleyo, ulawulo lwemingcipheko neenkqubo zolawulo zekomiti, ezibandakanya ubekoliso kunye noxanduva olumalunga nezi zinto zilandelayo:

- Umsebenzi wophicotho-zincwadi ngaphakathi;
- Umsebenzi wophicotho-zincwadi ngaphandle (owenziwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika - AGSA);
- Unikezo-nkcazo nonikezo-ngxelo ngeWCLC;
- Imigaqo-nkqubo yocwangciso-mali yequmrhu;
- Uphononongo lolawulo lweAGSA nengxelo yophicotho;

- Uphononongo lokubekwa kweliso kwiWCLC apha enyakeni;
- Ulawulo lokusemngciphekweni kwiWCLC;
- Ulawulo lwaNgaphakathi;
- Iinjongo ezicwangciswe kwangaphambili;;
- Iindlela zokuziphatha noPhando lwasenkundleni.

Le theyibhile ingezantsi idandalazisa iinkcukacha ezifunekayo zamalungu ekomiti yophicotho:

Igama	Izifundo eziphunyelelweyo	Ngaphakathi okanye ngaphandle	Ukuba ukwisebe, isikhundla sakhe kwisebe	Umhla wotyumbo	umhla ayeke ngawo	Inani leentlanganiso aye kuzo
Mnu Ameen Amod	MBA, CIA, CGAP, CRMA; BCOM (HONS)	Ngaphandle	ASIKHO	01 EyoMqungu 2016	Asikho	8
Mnu Mervyn Burton	CA(SA); CFP; B Compt (Hons); B Compt;	Ngaphandle	ASIKHO	01 EyoMqungu 2015 (Ityeli lesi-2)	Asikho	8
Nksz Judy Gunther	CIA; AGA; CRMA; Masters in Cost Accounting; BCompt	Ngaphandle	ASIKHO	01 EyoMqungu 2016 (Ityeli lesi-2)	Asikho	8
Mnu Francois Barnard	MComm (Tax); CA(SA); Postgrad Diploma in Auditing; CTA BCompt (Honours); BProc	Ngaphandle	ASIKHO	01 EyoMqungu 2016 (Ityeli lesi-2)	Asikho	8

8. UTHOTYELO LWEMITHETHO NEMIGAQO

Zenziwe yaye ziyasebenza iinkqubo, imigaqo-nkqubo neendlela zokwenza izinto ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemithetho nemigaqo.

9. URHWAPHILIZO NOBUQHOPHOLOLO

Urhulumente weNtshona Koloni wamkele isiCwangciso sokuLwa uRhwaphilizo esiqinisekisa

ukungahambelani kwaphela kwePhondo norhwaphilizo nobuqhophololo. Ukuhambelana nesiwangciso iHWC izinikele ekunganyamezelini izinto ezinentso yokwenza norhwaphilizo nobuqhophololo, noba bobangaphakathi okanye bobangaphandle, yaye nawaphi na amaqela achaphazeleka kurhwaphilizo nobuqhophololo ayalandelwa ze atshutshiswe kusetyenziswa zonke iinkqubo zemithetho.

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lineSicwangciso sokuLwa uRhwaphilizo neSicwangciso soMiselo sokuNqanda uRhwaphilizo esiphumeza isiCwangciso sokuLwa uRhwaphilizo. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni yamkela yaze yamisela isicwangciso esiphuhlise lisebe.

Abasebenzi abasebenzela iHWC abachaze ukurhaneleka kwezenzo zobuqhophololo, zorhwaphilizo nezokweba bakhuselekile ukuba udizo olo ludizo olukhuseleweyo (ukutsho oko, luyahambelana nemiqathango yomthetho, umzekelo, lenziwe kungekho ntiyo). Kulo mba, kwenziwa uMgaqonkqubo wokuKhusela aBadizi waze wamkelwa ngowe-24 KweyoMdumba 2016 ukunikeza izikhokelo kubasebenzi ukuba benze njani xa befuna ukuchaza iinkxalabo zabo kubaphathi, abantu abanikwe loo msebenzi yiWCG okanye kumaziko angaphandle, apho kukho izizathu ezibambekayo ezithi amatyala okanye ukuziphatha kakubi kwenzeka ngaphakathi kwiWCG. Ithuba lokungaziwa linikwa nabani na ofuna ukuchaza izenzo zobuqhophololo, zobusela nezorhwaphilizo kwaye ukuba benze njalo, amagama abo agcinwa eyimfihlo ngumntu abamchazeleyo.

Xa ubuqhophololo norhwaphilizo sele buqinisekisiwe emva kokuba uphando lugqityiwe, umsebenzi othathe inxaxheba kwezo zenzo uza kululekwa. Kuyo yonke loo miba, ummeli weWCG oqhuba iinkqubo zoluleko kuza kufuneka acebise ukugxothwa kwaloo msebenzi uchaphazelekayo. Ngeli xesha ubungqina besenzo solwaphulomthetho bufunyanisiwe, umba wolwaphulo-mthetho uza kuchazwa kwiNkonzo yamaPolisa aseMzantsi Afrika.

10. UKUNCIPHISA UNGQUZULWANO LOCHAPHAZELEKO

I-HWC iqinisekisa ukuba akukho dolo ngokunyanzelisa ukuba ababoneleli-zinkonzo bachaze oko bakwenzayo (kwifomu yeWCBD4) enikwa nabani na ongabhaliswanga kwiiNkcukacha zababoneleli ngeenkonzo zeNtshona Koloni /kuVimba waBaboneleli-zinkonzo weSizwe.

UNondyabo wePhondo uncedisa amaqumrhu anciphise ukuba nedolo apho abanini nabalawuli beenkampani besebenzela urhulumente weNtshona Koloni. Oku kwenziwa ngokubonelela ngeenkcukacha zePERSAL (Inkqubo yokuHlawulwa kwabasebenzi) malunga nabasebenzi bakarhulumente ababhaliswe njengabanini okanye abalawuli beenkampani. I-HWC iqinisekisa ukuba abo bantu bafumana ileta yokuba bangawenza umsebenzi ohlawulwayo ongaphandle komsebenzi wabo (RWOPS) phambi kokwenza umsebenzi.

I-HWC ayikafumani mntu wenza idolo kubaboneleli beenkonzo. Ukuba elo dolo beliefunyanisiwe, umba ubuza kuthathwa njengomsebenzi woLawulo lwezibonelelo zokusebenza ezinobuqhophololo, emva kophando umboneleli weenkonzo ebeza kuthathwa "njengongazukukhethwa" ukuba ngumboneleli weenkonzo.

Ngokuphathelele kwinkqubo eyenziwe liZiko leLifa leMveli leNtshona Koloni ngokwe-NHRA, umngcipheko wokubandakanyeka obhalisiweyo uyinto eba kwii-ajenda zeBhunga

neekomiti zalo. Imiba ebhaliswe ngamalungu kuqutyiswana nayo ngokwesibonelelo esifanelekileyo 'seMithetho yoNqwanqwado kunye neNdlela yokuziphatha kwiiNtlanganiso zeBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni' sequmrhu, xa kukho nawuphi na umngcipheko wokubandakanyeka kwaza kwathathwa inyathelo ngakuloo mba ubhalwe emizuzwini phantsi komba ofanelekileyo wolo shishino.

11. INDLELA YOKUZIPHATHA

Umgaqo-nkqubo ophunyezwe yiDCAS ubandakanya neHWC.

Umgaqo wendlela yokuziphatha unikwa abasebenzi qho ngonyaka. Kuye kubanjwe neeseshoni zokunikeza ulwazi ukuxoxa ngokuqulethwe ngulo mgaqo wendlela yokuziphatha nendlela omawumiselwe ngayo. Ngaphezu koko, imanyuwali yengcaciso yeKomishoni yeeNkonzo zikaRhulumente ngomiselo lo mgaqo wendlela yokuziphatha inikezwe bonke abasebenzi.

Ngaphezu koku, aMalungu eKhansili yeZiko leLifa leMveli leNtshona Koloni anyanzelekile ukuba atyikitye kwaye athobele umgaqo wokuziphatha ngokusingise kuxanduva lwawo.

12. IMIBA YEMPILO, UKHUSELEKO NOKUSINGQONGILEYO

I-DCAS ibonelela iLifa leMveli leNtshona Koloni ngeeofisi zokusebenzela, ngako oko imigaqo-nkqubo esetyenziswa yi-DCAS iyasebenza nakwiZiko leLifa leMveli leNtshona Koloni.

13. UNOBHALA WENKAMPANI/WEBHODI (UKUBA UKHONA)

Akekho

14. INDIMA EKUXHASANI ULUNTU

Ayenziwa

15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHU-ZINCWADI

Kuluchulumanco kuthi ukunikezela ngengxelo yonyakamali ophela ngowama-31 KweyoKwindla 2018.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho

Ikomiti yoPhicotho inike ingxelo yokuba iwenzile umsebenzi wayo oxelwe kwiCandelo 51 (1) (a) loMthetho woLawulo lweeMali zikaRhulumente nakwiMiqathango kaNondyabo 27.1. Ikomiti yoPhicotho-zincwadi ikwanika ingxelo yokuba yamkele iindlela ezizo zokwenza umsebenzi nezisemthethweni njengezo eziyiTshatha yeKomiti yoPhicotho-zincwadi, nelawula imicimbi yayo ngokuhambelana nemigqaliselo kwaye yenza uxanduva lwayo njengoko luqulathwe apha.

Ukusebenza ngempumelelo kweeNkqubo zoLawulo zaNgaphakathi

Iziko lifumana iinkonzo zoku kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwaye akukho kungathotyelwa kwamiqathango kuxeliweyo ngeZiko eli.

Iingxelo zoLawulo phakathi enyakeni nezenyanga/zekota

Ikomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile ngumxholo nomgangatho weengxelo zekota zaphakathi enyakeni zoLawulo nazezomsebenzi owenziwayo kunyaka ekunikwa ingxelo yawo nguGunyaziwe oLawulayo weli Ziko ngokweMigaqo kaNondyabo noMthetho iDivision of Revenue Act.

Ukuvavanywa kweeNngxelo zeeMali

Ikomiti yoPhicotho:

- ihlole yaza yaxoxa inkcazo-mali yonyaka ePhicothiweyo eza kubandakanywa kwingxelo yonyaka, kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (i-AGSA) kunye noGunyaziwe oLawulayo;
- ihlole iNngxelo yoLawulo ye-AGSA kunye neempendulo zabaLawuli kuyo;
- Ihlole iinguqu kwimigaqo-nkqubo kunye neendlela zokusebenza njengoko zichaziwe kwiNkcazo-mali yoNyaka;
- Ihlole ukulungiswa kwezinto zokusebenza okuthe kwakhokelela kuphicotho-zincwadi zeZiko.

Uthotyelo-migaqo

Ikomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iinkqubo zeZiko zokuthobela izimiso zomthetho.

Iinkonzo zophando lwasenkundleni zephondo

INkondo yoPhando lwaseNkundleni yePhondo (PFS) isinike iinkcukacha-manani. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeka iliso kwinkqubela ye-PFS rhoqo ngekota. Akubangakho miba iziswe kwingqalelo yethu efunise ukuxelwa kwiKomiti yoPhico-zincwadi.

linkcukacha zokweNziwa komsebenzi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iinkcukacha zeenjongo ezimiselweyo njengoko zichaziwe kwiNgxelo yoNyaka.

INgxelo yoMphicothi-zincwasi wangaPhandle woMzantsi Afrika

Sisivavanye rhoqo ngekota isicwangciso sokusebenza seli Ziko ukulandelela imiba yophicotho ebiphakanyiswe ngaphambili. IKomiti yoPhicotho-zincwadi idibene ne-AGSA ukuqinisekisa ukuba akukho miba ibiphakanyisiwe luphicotho ingasonjululwanga. Amanathelo olungiso lobekufunyanisiwe yi-AGSA abekwe esweni yiKomiti yoPhicothozincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyangqina kwaye iyalwamkela uluvo lwe-AGSA ngokusingise kwiinkcazo-mali zonyaka, kwaye iphakamisa ukuba iinkcazo-mali zonyaka eziPhicothiweyo mazamkelwe ze zifundwe kunye nengxelo yazo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyalincoma eli Ziko ngokugcina irekhodi yalo yophicothozincwadi olungenachaphaza.

Umbulelo

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inqwenela ukuvakalisa umbulelo wayo kuBaphathi beZiko, kuMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika nakwiSebe likaRhulumente weNtshona Koloni weNgqinisekiso yokuSebenza kwaMaziko ngentsebenziswano nangeenkukacha abazinikileyo ezisincede ukuba sibe nako ukwenza le ngxelo.



Ameen Amod

USihlalo weKomiti yoPhicotho

Iziko leLifa leMveli eNtshona Koloni

Umhla: 31 EyeKhala 2018

ICANDELO D: ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI

1. INTSHAYELELO

Abasebenzi baqeshwe liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, yaye iinkcukacha ezifanelekileyo zikwiNgxelo yoNyaka yeDCAS.

2. IINKCUKACHA-MANANI ZOBEKOLISO KWIMIBA YABASEBENZI

Kunikezwe ingxelo ngezi nkcukacha-manani kwiNgxelo yoNyaka yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

ICANDELO E: IINKCUKACHA ZEMALI

Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele eya kwiPalamente yePhondo yeNtshona Koloni engeZiko leLifa leMveli laseNtshona Koloni

Ingxelo yophicotho lweengxelo zemali

Uluvo

1. Ndiziphicothile iingxelo zemali zeKomiti zeZiko leLifa leMveli laseNtshona Koloni ezikumaphepha 61 ukuya ku-84, eziquka Ingxelo yobume bemali ukuza kuma ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2018, ingxelo yokusetyenziswa kwemali, yotshintsho kwii-asethi ingxelo yokusetyenziswa kwemali nengxelo yokuthelakiswa kwezona mali nezabiweyo kunyaka ophela ngowe-31 Matshi 2018, kunye namanqaku achaza ngeengxelo zemali kubandakanywa isishwankankathelo semigaqonkqubo engundoqo yenkcaza-mali.
2. Ngokolwam uluvo, kuyo nonke imiba nakuzo zonke izigaba, iingxelo zemali zeKomiti yeZiko leLifa leMveli laseNtshona Koloni ngomhla wama-31 weyoKwindla 2018, ziveza konke okufanele ukuba ziyakuveza ngendlela efanelekileyo ukususela ngowe-31 weyoKwindla 2017, nendlela eqhube ngayo ngokwezimali nemali ezingenileyo neziphumileyo ngonyaka ophelileyo yaye zibhale ngokwenkqubo yeSouth African Standards of Generally Recognised Accounting Practice (Imigangatho yoMzantsi Afrika yeGRAP), iimfuno zomthetho iPublic Finance Management Act of South Africa, 1999 (Umthetho Nomb. 1 ka-1999) (PFMA) necandelo 15(5) le-Provincial Heritage Resources Authority Regulations, 2002 (Isaziso sePhondo Nomb. 336 ka-2002) (PHRAR).

Isiseko soLuvo

3. Andiyonxalenye yeli ziko ngokweNdlela zokuZiphatha zaMagosa oBalo-Zimali i-*International Ethics Standards Board for Accountants* (IESBA code) nemiqathango yentsulungeko ehambisana nophicotho lwam eMzantsi Afrika. Ndiye ndenza koko endifanele ukwenza ngokwezi mfuno nangokwale miqathango nangokwekhowudi yeIESBA.
4. Ndikholelwa ukua, ubungqina bophicotho endibufumeneyo banele yaye bufanelekile ukuba bundinike isiseko sokunika uluvo lwam.

Ugxininiso kumba

5. Ndicela ukuba kujongwe lo mba ungezantsi. Uluvo lwam alukatshintshi kulo mba.

Ukungaqiniseki okwenziwa zizigwebo eziza kunikezwa kumangalelo ezinkundleni

6. Njengoko ndixelile kwinqaku 20 leengxelo zemali, iziko ngummangalelwa kwibango lezomthetho ngenxa yesigqibo esithathiweyo sokukhaba isicelo sophuhliso lwesiza selifa lemveli sephondo

esibhengeziweyo. Isiphumo seli tyala asaziwa ngoku yaye akukho lulungiselelo lobutyala lwenziweyo ngoku kwiingxelo zemali.

Uxanduva lweGosa eliNika iNgxelo kwiingxelo zemali

7. IGosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokwenza ingxelo efanelekileyo yenkcazo zemali ngokuhambelana neMigangatho yaseMzantsi Afrika yeMisebenzi yoBalo-mali eQwalaselwayo Jilelele (SA Standards of GRAP neemfuno zoMthetho waseMzantsi Afrika oyiPFMA nangokweenkqubo zolawulo zangaphakathi njengeGosa eliNika iNgxelo ezingenamakhwiniba nezingenazimpazamo, nokuba kungenxa yobuqhophololo okanye ngempazamo.
8. Xa lisenza ezi ngxelo zeemali, iGosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokuvavanya ukukwazi kweZiko leLifa leMveli laseNtshona Koloni ukuqhubeka, liveze yonke imiba exhalabisayo lisebenzisa isiseko sobalo-zimali ngaphandle kokuba kukho injongo ekhoyo yokuvala iziko okanye ukuyeka umsebenzi owenziwayo okanye akho ndlela yimbi ngaphandle kokwenza njalo.

Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele kuphicotho lweengxelo zemali

9. Uxanduva lwam kukuvakalisa uluvo ngezi ngxelo zemali ngokubhekisele kuphicotho lwam malunga nokuba ingaba iingxelo zemali azinazinto zingahlanganiyo ezisenokwenziwa bubuqhophololo okanye impazamo, nokukhupha ingxelo yoMphicothi-zincwadi ebandakanya uluvo lwam. Isiqinisekiso esifanelekileyo sisiqinisekiso esikwizinga eliphezulu kodwa asiyogaranti yokuba uphicotho olwenziweyo kulandelwa i-International Standards on Auditing (ISAs) luy akuthi qho lukwazi ukuchonga iziphene ezikhoyo. Iziphene zingenziwa bubuqhophololo okanye impazamo yaye zithathelwa ingqalelo, ukuba zinokuthi zibe nefuthe kwizigqibo zoqoqosho zabasebenzisi-ziko ezithathwe kulandelwa ezo ngxelo zemali.
10. Enye inkcazelo yoxanduva lwam loMphicotho lweengxelo zemali lubandakanywe kwisihlomelo sale ngxelo.

Ingxelo ngophicotho lomsebenzi wonyaka

Intshayelelo nomhlaba ogangathiweyo

11. Ngokuhambelana nePublic Audit Act yoMzantsi Afrika, 2004 (uMthetho No. 25 ka-2004) (PAA) nangokwesaziso jikelele esikhutshiweyo, Ndinoxanduva lokunika ingxelo koku ndikufumanisileyo kwiinkcukacha zomsebenzi ezichaziweyo ndizithelekisa neenjongo ezicwangcise kwangaphambili ngeenjongo ezikhethiweyo ezibekwe kwiingxelo yomsebenzi wonyaka, ukungahambelani nomthetho nolawulo lwangaphakathi. Injongo yovavanyo lwam ibikukuchonga izinto ezifunyenweyo njengoko kuchazwe phantsi kwesihlokwane ngasinye kodwa ingekuko ukuqokelela ubungqina ukucacisa isiqinisekiso sale micimbi. Ngoko ke, andivezi uluvo okanye isiphelo kule micimbi.
12. linkqubo zam zichaza ngeenkukacha zokusebenza ezixeliweyo, ekufuneka zisekelwe kumaxwebhu ochwangciso okusebenza eziko. Andivavanyanga ukugqibelela nokufaneleka kwezalathisi zokusebenza ezikumaxwebhu ochwangciso. linkqubo zam azifikeleli kwiinkcukacha ezongezelekileyo okanye iingxelo ngezicwangciso zokusebenza ezisacetywayo neenkukacha zamaxesha asezo ezisenoba zibandakanyiwe njengenxalenye yeenkcukacha

ekunikwe iingxelo ngazo. Ngoko ke, izimvo zam azingeni kule miba.

13. Ndiye ndavavanya ukuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zokusebenza ezichaziweyo ndilandela inkqubo ephuhliswe kulandelwa isakhelo solawulo lomsebenzi nesokunika ingxelo, njengoko ichaziwe kwisaziso-gabalala, kule njongo icwangcisiweyo ilandelayo exelwe kwingxelo yokusebenza yonyaka yeziko yonyaka ophele ngowe-31 Matshi 2018:

Injongo	Amaphepha kwingxelo yokusebenza yonyaka
Injongo ecwangcisiweyo: Ulawulo lwenkqubo yolawulo lwemithombo yelifa lemveli ehlanganisiweyo eNtshona Koloni	25 – 27

14. Ndenze imisebenzi yokujonga ukuba ingaba iinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zichazwe ngendlela eyiyo na kwanokuba umsebenzi wenziwe ngendlela efanayo na naleyo ikumaxwebhu ocwangciso okusebenza. Ndenze neminye imisebenzi yokujonga ukuba ingaba izalathisi neethagethi ziyalinganiseka na yaye ziyangena na kumsebenzi wazo ndaze ndavavanya ukuchaneka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ukujonga ukuba ziyanisekile na yaye ziphelele na.
15. Andikhange ndifumanise ziphene ekusebenzisekeni nasekuchanekeni kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo kule njongo icwangcisiweyo ilandelayo:
- Injongo ecwangcisiweyo: Ulawulo lwenkqubo yolawulo lwemithombo yelifa lemveli ehlanganisiweyo eNtshona Koloni

Eminye imiba

Ukuphunyezwa kweethagethi ebeziplaniwe

16. Jonga kwingxelo yokusebenza yonyaka kwiphepha 25-27 iinkcukacha ngokuphunyezwa kweethagethi ebeziplaniwe zonyaka kunye neengcaciso ngokuphumeza ngokugqithisileyo iithagethi eziliqela.

Ingxelo ngophicotho lothotyelo lwemithetho

Intshayelelo nomhlaba ogangathiweyo

17. NgokwePAA nangokwesaziso jikelele esikhutshiweyo, ndinoxanduva lokunika ingxelo koku ndikufumanisileyo kwiinkcukacha zomsebenzi ezichaziweyo ndizithelekisa neenjongo ezicwangcisiwe kwangaphambili ngeenjongo ezikhethiweyo ezibekwe kwingxelo yomsebenzi wonyaka, ukungahambelani nomthetho nolawulo lwangaphakathi. Injongo yovavanyo lwam ibikukuchonga izinto ezityalwayo eziziasethi njengoko kuchazwe phantsi kwesihlokwana ngasinye kodwa ingekuko ukuqokelela ubungqina ukucacisa isiqinisekiso sale micimbi.

18. Akukhange kubekho naziphi na izinto ezifumanekileyo ezibonakeleyo kwiinkcukacha zomsebenzi ezinento yokwenza nokuthotyelwa kwemiqathango kumsebenzi ezichaziweyo kule njongo.

Ezinye iinkcukacha

19. IGosa eliNika iNgxelo linoxanduva lwezinye iinkcukacha. Ezinye iinkcukacha zibandakanya iinkcukacha ezikwingxelo yonyaka, ebandakanya ingxelo yomlawuli, ingxelo yekomiti yophicotho neesatifikethi sikanobhala wenkampani njengoko oku kufuneka kwenziwe ngokomthetho iCompanies Act of South Africa, 2008 (UMthetho Nomb. 71 ka-2008). Ezinye iinkcukacha azibandakanyi iingxelo zemali, ingxelo yoMphicothi-ziNcwadi nezo njongo zicwangcisiweyo zichongiweyo zikwingxelo yokusebenza yonyaka eziye zaxelwa kwingxelo yomphicothi-zincwadi.
20. Uluvo lwam ngeengxelo zemali nezinto endizifumanisileyo kwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo nothotyelo lwemithetho alungeni kwezinye iinkcukacha yaye andinikanga luvo lophicotho okanye nasiphi isiqinisekiso sale micimbi.
21. Malunga nophicotho lwam, uxanduva lwam kukufunda ezinye iinkcukacha, yaye xa ndisenza njalo ndijonga ukuba iinkcukacha ezi ziyahambelana okanye azihambelani na neengxelo zemali neenjongo ezicwangcisiweyo ezikhethiweyo ezichazwe kwingxelo yokusebenza yonyaka, okanye ulwazi lwam endilufumene kuphicotho, okanye kukho into engahlanganiyo na.
22. Ukuba kuye kwafumaniseka ukuba kukho ukungadibani kweenkcukacha, ndinyanzekile ukuba ndiyixele loo nto.
23. Akukho zinkcukacha ndizifumeneyo phambi kwalo mhla wale ngxelo yophicotho. Emva kokufumana nokufunda iinkcukacha, ukuba ngaba ndifikelele kwisigqibo sokuba kukho izinto ezingenabunyani, ndinyanzelekile ukuba ndikuxele oko kwabo balawulayo ze ndicele ukuba ezo nkcukacha zilungiswe. Ukuba ezo nkcukacha azilungiswanga, ndinganyanzeleka ukuba ndiyirhoxise ingxelo yophicotho ze ndikhuphe etshintshiweyo ehambelana neziphumo endizifumanisileyo. Kambe ke, ukuba ilungisiwe, oku akuzi kuba yimfuneko.

Izinto ezingahambi kakuhle kulawulo lwangaphakathi

24. Ndiye ndaqwalasela iinkqubo zolawulo lwangaphakathi ezinento yokwenza nophicotho lweengxelo zemali, kwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo nothotyelo lwemithetho; kambe ke, injongo yam ibingekokunikeza isiqinisekiso salo mcimbi. Khange ndifumanise zinto zingako zingahambi kakuhle kwiinkqubo zolawulo lwangaphakathi.



EKapa

31 Julayi 2018



AUDITOR - GENERAL
SOUTH AFRICA

Auditing to build public confidence

Isihlomelo – Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele ⁱ

1. Njengexalenye yophicotho ngokweelISA, ndilandela imiqathango yokwenza umsebenzi wam yaye ndiba nobucukubhede ngalo lonke ixesha xa ndisenza uphicotho lweengxelo zemali, nasekujongeni iinkqubo ezisetyenzisiweyo kwimisebenzi exeliweyo yeenjongo ezicwangcisiweyo ezikhethiweyo nasekuthobeleni imiba ethile ekhethiweyo okwenziwa liziko.

lingxelo zemali

2. Ngaphezu koxanduva lwam lophicotho lweengxelo zemali oluchazwe kwingxelo yoMphicothi-ziNcwadi, ndenza nezizinto zilandelayo:
 - Ndichonga ze ndivavanye imingcipheko nezinto ezinokuba azichazwanga ngendlela eyiyo kwiingxelo zemali zemali azinazinto zingahlanganiyo ezisenokwenziwa bubuqhophololo okanye impazamo, nokukhupha ingxelo yoMphicothi-ziNcwadi ebandakanya uluvo lwam. Ubungozi bokungaboni iingxelo ezingachanekanga ezenziwe bubuqhophololo bukhulu kakhulu kunengxelo ezineempazamo, nanjengokuba ubuqhophololo busenokubandakanya ukusebenzisana kwabantu abathile, ukufaja, ukushiya izinto ngamabom, ukubhala izinto ezingachanekanga okanye ukutshikilela iinkqubo iinkqubo zolawuo zangaphakathi.
 - Kukufumanisa ngeenkqubo zolawulo zangaphakathi ezinento yokwenza nophicotho ukuze kuyilwe iinkqubo zophicotho ezifanele iimeko ezo kodwa iinjongo asikokuvakalisa uluvo ngokusebenza kweenkqubo zolawulo zangaphakathi zeziko.
 - ukuvavanya ukufaneleka kwemigaqonkqubo yobalo-zimali esetyenziswayo nokuchaneka kweengqokelelo zoalo-zimali nezinto ezichazwe liGosa eliNika iNgxelo.
 - Ukuthatha izigqibo ngokufaneleka kwendlela iGosa eliNika iNgxelo elisebenzisa ngayo iziseko sobalo-zimali xa kusenziwa iingxelo zemali. Ndikwafikelela nakuluvo olusekelwe kwiinkcukacha zophicotho endizini kiweyo malunga nokuba ingaba kukho ukuthandabuza ukuba kukho imali eyaneleyo yokuba iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni ikwazi ukuqhubeka isebenza. Ukuba ndifikelele kuluvo lokuba kukho ukuthandabuza ngokwanela kwezibonelelo zokuba ikomiti iqhube nomsebenzi wayo, kufuneka oko ndikuchaze kwingxelo yoMphicothi-ziNcwadi kwiinkcukacha ezongezelelekileyo, ukanti ukuba oko akwanelanga, kufuneka ndiphinde ndikuhankanye nakuluvo lwam ngeengxelo zemali. Zonke izimvo zam zisekelwe kwiinkcukacha endizifumeneyo ngomhla wengxelo yoMphicothi-ziNcwadi. Kambe ke, izinto eziza kwenziwa kwixa elizayo okanye iimeko zingadala ukuba iziko liyeke ukuqhuba kakuhle ngokwasezimalini.
 - ukuvavanya yonke inkcazelo, ubume neziqulatho zeengxelo zemali, kubandakanywa iinkcukacha ezongezelelekileyo kwanokuba iingxelo zemali zichaza konke okwenziweyo ngemali neziganeko ngendlela ebonisa yonke into eyenziweyo.

Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele kuphicotho lweengxelo zemali

Isihlomelo esichaza ngoxanduva lomphicothi-zincwadi kufuneka sifakwe kwingxelo yomphicothi-zincwadi. Oku kuthetha ukuba isihlomelo masiqhotyoshelwe ngqo emva okanye kunye nengxelo yomphicothi-zincwadi xa ingxelo ishicilelwa; asikwazi ukuba kwenye indawo kwingxelo yonyaka.

Isihlomelo kwingxelo yonyaka kufuneka sisuswe xa uluvo lomphicothi luyibhebhetha ingxelo.

Umsebenzi owenziwayo

IZiko leLifa leMveli laseNtshona Koloni kufuneka lilawule ze libeke iliso kuphakamiso lolondolozo lwamafa emveli aseNtshona Koloni.

Iofisi eBhalisiweyo

Protea Assurance Building
Greenmarket Square
Cape Town
8000

Idilesi yeZiko

Protea Assurance Building
Greenmarket Square
Cape Town
8000

Iidilesi yePosi

P.O.Box 1665
Cape Town
8000

Iibhanki

Nedbank
ABSA Bank

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Iingxelo zeMali zonyaka ophela 31KweyoKwindla 2018

Isalathiso

Iingxelo neenkcazo ezichazwe apha ngezantsi zibandakanya iinkcazo-mali zonyaka ezichazwe kwindlu yowiso-mthehto yephondo:

INkcazo yeSimo seMali

INkcazo yokuSebenza kweMali

INkcazo yoTshintsho kwii-Asethi eZiseleyo

Inkcazo yokuSebenza kweMali

Inkcazo yoThelekiso loHlahlo-mali naleyo iSeetyenzisiweyo

Imigaqonkqubo yeNkcazo ngeMali

Amanqaku ngeeNgxelo zeMali zoNyaka

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Ingxelo yoBume beZimali ngowe-31 Matshi 2018

	Amanqaku	2018 R '000	2017 R '000
Iiasethi			
Iiasethi ezikhoyo			
Imali nezinye izinto ezifana nemali	3	7 616	6 363
Uluhlu lwempahla	4	123	123
Izinto ezifunyenwe kwiitransekhshini zotshintshiselwano	5	141	110
Izinto ezifunyenwe kwiitransekhshini ezingezozatshintshiselwano	6	-	1 200
		7 880	7 796
Iiasethi zizonke		7 880	7 796
Amatyala			
Amatyala akhoyo			
Okuhlawulwe kwiitransekhshini zotshintshiselwano	7	100	12
Iigranti nezibonelelo ezinemiqathango ezingasetyenziswanga	8	716	555
		816	567
Amatyala ewonke		816	567
Iiasethi ezishiyekayo emva kotsalo		7 064	7 229
Imali eshiyekileyo		7 064	7 229

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Iingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Ingxelo yokuSebenza kweMali

	Amanqaku	2018 R '000	2017 R '000
Ingeniso			
Ingeniso yonaniselwano			
Imirhumo yezicelo zezinto ezililifa lemveli	9	845	787
Ingeniso yenzala	10	559	472
Ingeniso yonaniselwano iyonke		1 404	1 259
Ingeniso engenzekanga ngenxa yonaniselwano			
Enye ingeniso engenzekanga ngenxa yonaniselwano	11	546	526
Ukusetyenziswa kweegranti ezinemiqathango	12	38	15
Uweliselo-mali nezibonelelo ezifunyenweyo	13	1 611	3 000
Iyonke ngeniso engenzekanga ngenxa yonaniselwano		2 195	3 541
Ingeniso iyonke		3 599	4 800
Inkcitho			
lintlawulo zophicotho	14	(86)	(81)
lintlawulo zengcali	15	(708)	(1 273)
lintlawulo ngokubanzi	16	(2 013)	(1 322)
lintlawulo zamalungu	17	(957)	(906)
Inkcitho iyonke		(3 764)	(3 582)
(Intsilelo) intsalela yonyaka		(165)	1 218

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Iingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Ingxelo yoTshintsho kwiiNtsalela zeAsethi

	Intsalela ekhoyo R '000	liasethi zizonke R '000
Ibhalansi nge-01 Epreli 2016	6 011	6 011
Utshintsho kwiiasethi ezishiyekayo emva kotsalo		
Intsalela yonyaka	1 218	1 218
Utshintsho lulonke	1 218	1 218
Ibhalansi nge-01 Epreli 2017	7 229	7 229
Utshintsho kwiiasethi ezishiyekayo emva kotsalo		
Intsalelo yonyaka	(165)	(165)
Utshintsho lulonke	(165)	(165)
Ibhalansi nge-31 Matshi 2018	7 064	7 064

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Iingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Ingxelo yeMali eSebenzileyo

	Amanqaku	2018 R '000	2017 R '000
Imali esetyenziswe kwimisebenzi			
Iimali ezifunyenweyo			
Imali ezinkonzo efunyenweyo		3 696	3 280
Ingeniso yenzala		527	467
		<u>4 223</u>	<u>3 747</u>
Iintlawulo			
Imali ehlawulwe kubaboneleli zinkonzo nakubaseenzi		(2 970)	(3 230)
Imali xa sele zitsaliwe ezinye iimali zemisebenzi	18	<u>1 253</u>	<u>517</u>
Imali engenayo sele zitsaliwe ezinye iimali yemisebenzi		1 253	517
Imali nezinye izinto ezifana nemali ekuqaleni konyaka		6 363	5 846
Imali nezinye izinto ezifana nemali ekupheleni konyaka	3	<u>7 616</u>	<u>6 363</u>

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Ingxelo Yothelekiso Nezona Mali Zisetyenzisiweyo

Ibhajethi yeMali eziNkozo

	Ibhajethi eyamke- lweyo	Uhlangiso	Ibhajethi yokuGqibela	Ezona mali xa zithelekiswa	Umahluko phakathi kwebhajethi yokugqibela neyiyeyona	Isalathiiso
	R '000	R '000	R '000	R '000	R '000	
Ingxelo yokuSebenza kweMali						
Ingeniso						
Ingeniso yonaniselwano						
Imirhumo yezicelo zezinto ezililifa						
lemveli	709	-	709	845	136	25.1
Ingeniso yenzala	355	-	355	559	204	25.2
Ingeniso yonaniselwano iyonke	1 064	-	1 064	1 404	340	
Ingeniso engenzekanga ngenxa yonaniselwano						
Ingeniso yoWeliselo-mali						
Igranti t=yeMiqathango- Imali yeLotto	557	-	557	38	(519)	25.3
Enye ingeniso engenzekanga ngenxa yonaniselwano	-	-	-	546	546	25.4
Uweliselo-mali nezibonelelo ezifunyenweyo	1 611	-	1 611	1 611	-	
Ingeniso iyonke engenzekanga ngenxa yonaniselwano	2 168	-	2 168	2 195	27	
Ingeniso iyonke	3 232	-	3 232	3 599	367	
Inkcitho						
lintlawulo zamalungu	(850)	-	(850)	(957)	(107)	25.5
lintlawulo zophicotho	(100)	-	(100)	(86)	14	
lintlawulo ngokubanzi	(2 282)	-	(2 282)	(2 721)	(439)	25.6
Inkcitho iyonke	(3 232)	-	(3 232)	(3 764)	(532)	
Intsilelo phambi kwentlawulo yerhafu	-	-	-	(165)	(165)	
Eyona Mali xa iThelekiswa njengoko ixeliwe kwiBhajethi neNgxelo yoThelekiso eYiyo	-	-	-	(165)	(165)	
Ulungelelaniso						
Umahluko osisiseko						
Imali yokusebenza				(165)		
Ilixo lomahluko						
Imali yokusebenza				-		
Umahluko weZiko						
Imali yokusebenza				-		
Eyona Mali ekwiNgxelo yokuSebenza kweMali				(165)		

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Imigaqonkqubo yoNiko-Nkcaza ngeeeMali

1. Inkcaza ngeeNngxelo zeMali zoNyaka

Inkcazo zemali zilungiswe ngokuhambelana nemigangatho ebizwa ngokuba yiStandards of Generally Recognised Accounting Practice (GRAP), eyakhutshwa yiBhodi yeMigangatho yoBalo-Zimali ilandela iCandelo 91(1) lomthetho iPublic Finance Management Umthetho (Umthetho 1 ka-1999).

Ezi ngxelo zeemali zonyaka zenziwe kulandelwa isiseko sokhulo lwemali notshintsho lweendleko zemali yaye zihambelana kuwo onke amaxesha achaziweyo kwezi nkcazo zemali, ngaphandle kokuba kuchazwe ngenye indlela. Zibekwe ngokweeRandi zoMzantsi Afrika.

Onke amanani asiwe kwiwaka elikufuphi.

Apha ngezantsi kunikezwe Isishwankathelo semigaqonkqubo yobalomali engundoqo esetyenzisiweyo ekwenzeni ezi ngxelo zeMali.

1.1 Ukuthatha ngokuba iziko lime kakuhle ngokwasezimaliini

Ezi ngxelo zemali zenziwe kulindleke ukuba iziko liza kuqhubeka lime kakuhle ngokwasezimaliini kwezi nyanga zili-12 zilandelayo.

1.2 Izigqibo ezingundoqo nemithombo yeengqikelelo engaqinisekiswa

Iziko lenza iingqikelelo ncingelo lwezinto eziza kwenzeka kwixa elizayo, Iziphumo zobalomali zezo ngqikelelo azifane zilingane twatse neziphumo. Iingqikelelo nezinto ezicingelwayo zihlala zivavanywa yaye zisekelwe kwizinto ebezikhe zenzeke ngaphambili neminye imiba, kubandakanywa izinto ezilindelekileyo kwixa elizayo ekukholelwa ukuba zifanelekile ngokweemeko ezo. Iingqikelelo nezinto ezicingelwayo ezinemingcipheko engundoqo kwiimali ezikhoyo zeeasethi namatyala kunyaka olandelayo zichaziwe apha ngezantsi.

Iimali ezityalwa iziko

Iziko livavanya iimali ezityalwa iziko ze lijonge ukuhla kwexabiso leeasethi ekupheleni kwesithuba soniko-ngxelo. Ekugqibeni ukuba ilahleko yokuhla kwexabiso leeasethi mayirekhodwe kwimali eseleyo okanye kweshotayo, iziko lithatha isigqibo ngokuba ingaba ikhona na idatha ebonakalayo ebonisa ukuhla okukhulu kwiimali eziza kungena neziza kuphuma kwixa elizayo kwiasethi yemali.

Ukuhla kwexabiso leeasethi yeemali ezityalwa iziko ibalwa ngokwepotifoliyo, esekelwe kwimiyinge yelahleko yexesha elidlulileyo, ehlangiselwe iimeko zoqoqsho zesizwe nezecandelo lezemali nezinye izalathisi ezikhoyo ngomhla wonikezo-ngxelo ezihambelana nepotifoliyo. Le imiyinge yelahleko yonyaka iye isetyenziswe kwiintsalela zamatyala kwipotifoliyo ze isiwe kwisithuba selahleko.

Ukuvumela ukuhla kwexabiso leeasethi

Iingqikelelo yokuhla kwexabiso leeasethi ezizimali ezityalwa iziko yenziwa xa ingasenakuqokelelwa yonke imali etyalwayo. Ukuvumela ukuhla kwexabiso letyala kuya kubalwa ngeemali ezityalwa iziko kuphela. Ubonelelo lulonke lokuhla kwexabiso leeasethi zeziko luya kubalwa ngokomtyali ngamnye okanye ngokuluhlu lomngcipheko ngalunye.

1.3 Izixhobo zexabiso leeasethi

Izixhobo zexabiso leeasethi yeziko zihlelwa njengeeasethi zemali okanye njengamatyala.

Isixhobo sexabiso leeasethi yiyo nayiphi na ikhontrakthi edala ukuba kubekho iasethi yezimali yeziko elithile ethi ibe lityala lemali okanye intlawulo yetyala kwelinye iziko.

Iindleko zonatyiso lokuhlawula kwetyala leasethi eyimali okanye ityala eliyimali bubungakanani beeasethi ezizimali okanye ityala eliyimali ekuqaleni xa kuthatyathwe iintlawulo, kudityaniswe okanye kuthatyathwe iintlawulo zezavunge kulandelwa iinkqubo yenzala yawo nawuphi umahluko phakathi kwemali yokuqala nexabiso lotyalomali, naxa kuthatyathwe iimali ezihlileyo (ngqo okanye ngokusetyenziswa kweakhawunti yeealawensi) yokuhla kwexabiso leeasethi okanye ukungakwazeki kokuhlawulwa kwetyala.

Umngcipheko wezinga lenzala ongumngcipheko wexabiso leasethi okanye imali ezingenayo neziphumayo zesixhobo semali uya kutshintsha-tshintsha ngenxa yotshintsho kumazinga enzala emarrike.

Amatyala emali ahlawulwayo, ngaphandle kwalawo exesha elifutshane, ahlawulwa ngokwemiqathango yohlawulo lwamatyala.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Iingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Imigaqonkqubo yoNiko-Nkcaza ngeeeMali

1.3 Izixhobo zexabiso leeasethi (ziyaqhubeka)

Ukubekwa ngokwezintlu

Iziko linezi ntlobo zeeasethi ezizimali (iintlobo nezintlu) njengoko zibonisiwe ngaphambili kwingxelo yobume bezimali okanye kumanqaku ayo:

Uhlobo

Izinto ezifunyenwe kwiitransekhshini zotshintshiselwano
Izinto ezifunyenwe kwiitransekhshini ezingezozatshintshiselwano
Cash and cash equivalents

Udidi

li-asethi eziyimali zilinganiswa ngeendleko
li-asethi eziyimali zilinganiswa ngeendleko
li-asethi eziyimali zilinganiswa ngeendleko

The entity has the following types of financial amatyala (classes and category) as reflected on the face of the statement of financial position or in the notes thereto:

Uhlobo

Imali nezinye izinto ezifana nemali

Uluhlu

Iasethi eyimali ebalwa ngentlawulo yezavenge

Iziko linezintlobo zilandelayo zamatyala eemali (iintlobo nezintlu) njengoko zibonisiwe ngaphambili kwingxelo yobume bezimali okanye kumanqaku ayo:

Uhlobo

Izinto ezihlawulwayo xa kushishinwa

Uluhlu

Ityala eliyimali elibalwa ngentlawulo yezavenge

Ubalo lokuqala lweeasethi ezizimali namatyala eemali

Iziko libala iasethi eyimali netyala eliyimali, ngaphandle kwaleyo ibalwa ngexabiso, ekuqaleni ngexabiso layo neendleko zokwenza ushishino olunento yokwenza nokufumana okanye ukukhupha iasethi eyimali okanye ityala eliyimali.

Iziko libala zonke ezinye iiasethi ezizimali namatyala azimali ngexabiso lawo.

Iziko liqala livavanye imbolekomali engenanzala ukuba ingaba iyimbolekomali nyhani na. Ngexabiso lokuqala, iziko lihlela imbolekomali engenanzala ngokwezintlu zayo neekhawunti zoluhlu ngalunye ngokwahlukileyo. Iziko lichaza ngolu luhlu lwembolekomali engenanzala:

- eyinzuzo yoluntu ngokweSakhelo soKwenziwa nokuChazwa kweeNgxelo zeMali, apho ililo elikhuphe loo mboleko-mali; okanye
- Ingeniso engeyeyoniselwano, ngokweMiqathango yeGRAP kwiNgeniso engenzekanga ngenxa yoniselwano (lihafu neemali eziHlawulweyo), apho ililo elingumzuzi wembolekomali.

Ubalo olulandelwayo lweeasethi ezizimali namatyala eemali

Iziko libala zonke iiasethi ezizimali namatyala eemali ngexabiso lokuqala lisebenzisa ezi zintlu zilandelayo:

- Izixhobo zexabiso leeasethi ngexabiso.
- Izixhobo zexabiso leeasethi ngentlawulo yezavenge.
- Izixhobo zexabiso leeasethi ngeendleko.

Zonke iiasethi ezizimali ezibalwa ngentlawulo yezavenge, okanye ngeendleko, zixhomekele kuphononongo lokuhla kwexabiso leeasethi.

Intlawulo yezavenge yeasethi eyimali okanye ityala eliyimali bubungakanani beasethi eyimali okanye ityala eliyimali ibalwa ngokweeasethi zokuqala ngaphandle kwentlawulo zamatyala, kunye okanye kudityaniswe okanye kuthatyathwe iintlawulo zezavenge kulandelwa iinkqubo yenzala yawo nawuphi umahluko phakathi kwemali yokuqala nexabiso lotyalomali, ngqo okanye ngokusetyenziswa kweekhawunti yeealawensi) yokuhla kwexabiso leeasethi okanye ukungaqokeleleki xa iyiasethi eyimali.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Imigaqonkqubo yoNiko-Nkcaza ngeeeMali

1.3 Isixhobo sexabiso leeasethi (kusaqhutyekwa)

Izinto ezithathelwa ingqalelo kwixabiso leeasethi

Obona bungqina bexabiso leeasethi ngamaxabiso akowutiweyo kwimarike esebenzayo. Ukuba imarike yesixhobo sexabiso leeasethi ayisebenzi, iziko limisela ixabiso ngokusebenzisa inkqubo yovavanyo-maxabiso. Injongo yokusebenzisa inkqubo yovavanyo-maxabiso kukujonga ukuba ixabiso loshishino lbiza kuba yinalini na ngomhla wobalo xa kusenziwa unaniselwano olukhuthazwa zinkqubo zesiqhelo zokusebenza. Inkqubo zovavanyo-maxabiso zibandakanya ushishino lwemarike olwenziwa ngokukhululekileyo phakathi kwamaqela anolwazi navumayo ukwenza oko, ukuba ikhona, kubekho nento ebhekisa kwiixabiso leeasethi langoku elibufana, isaphulelo neemodeli zokubekwa kwamaxabiso. Ukuba kukho inkqubo yovavanyo-maxabiso esetyenziswa qho ngabo bathatha inxaxheba kwiimarike yokubeka ixabiso kwiasethi yaye loo nkqubo inobungqina bokuba iingqikelelo zayo ziyanyisekile yaye zifunyenwe kwiimarike zoshishino ezisebenzayo, iziko lakusebenzisa loo nkqubo. Inkqubo yovavanyo-maxabiso ekhethiweyo iya kusebenzisa iziphumo zemarike ezininzi kangangoko ze ingathembeli kakhulu kwiziphumo zeziko elo. Ibandakanya yonke imiba ethathelwe ingqalelo ngabo bathatha inxaxheba kwiimarike xa bebebeka ixabisonelihambelana neenkqubo zokubeka amaxabiso ezamkelekileyo ezisetyenziswa kuqoqosho zezixhobo zexabiso leeasethi. Amaxesha ngamaxesha, iziko liyayimisa kancinci inkqubo yovavanyo-maxabiso liyivavanye ukuba isasebenza na lisebenzisa amaxabiso kushishino lweemarike eziqhubayo ngelo xesha ezineeasethi ezifanayo (ingathintshwanga okanye ingaphindanga yabekelwa) okanye isekelwe kwidatha yemarike ethathelwa ingqalelo.

Iimali ezityalwa iziko ixesha elifutshane neentlawulo azinikwa saphulelo apho isithuba setyala sokuqala esinikiweyo okanye esifunyenweyo sihambelana nemiqathango esetyenziswa kwicandelo likarhulumente, ngeenkqubo ezimiselweyo okanye ngomthetho.

Iinzuzo neelahleko

Inzuzo okanye ilahleko eyenziwe lutshintsho kwixabiso leeasethi yeasethi eyimali okanye ityala eliyimali elibalwe ngexabiso leeasethi libonwa kwimali eseleyo okanye eshotayo.

Kwiiasethi ezizimali namatyala eemali ezibalwe ngentlawulo yezavenge okanye ngeendleko, inzuzo okanye ilahleko ibonwa kwimali eseleyo okanye eshotayo xa iasethi eyimali okanye ityala eliyimali lisusiwe okanye licuthiwe, okanye ngenkqubo yeentlawulo zezavenge.

Ukuhla kwexabiso leeasethi nokungaqokeleleki kweeasethi ezizimali

Iziko lenza uvavanyo ekupheleni kwesithuba sonikezo-ngxelo ngasinye ukuba ingaba kukho ubungqina obubambekayo bokuba iasethi eyimali okanye iqela leeasethi ezizimali zicuthiwe.

Kwiimali ekufuneka zihlawulwe iziko, ubunzima bokuhlululwa kweemali, ucingeleko lokuba abatyali bangabhanga nokungahlawulwa kweemali ezityalwayo, zonke ezo zinto zithathwa njengezalathisi zokuhla kwexabiso leeasethi.

Iiasethi zibalwa ngentlawulo yezavenge:

Ukuba kukho ubungqina obubambekayo bokuba ukuhla kwexabiso lelahleko yeeasethi kwiasethi ezibalwe ngentlawulo yezavenge kukhona, ubungakanani belahleko bubalwa njengomahluko kwexabiso leasethi kunye nexabiso langoku leemali eziza kuba khona kwixa elizayo (ngaphandle kweelahleko zamatyala ezingekenziwa) ezaphulwe kwireyithi yenzala yokuqala yeasethi eyimali. Ixabiso leasethi licuthwa kukusetyenziswa kweakhawunti enguvimba. Ubungakanani belahleko bubonwa kwimali eseleyo okanye eshotayo.

Ukuba kwisithuba esilandelayo ubungakanani bokuhla kwexabiso lelahleko yeeasethi buyehla yaye oko kuhla kudityaniswa nesiganeko esenzeke emva kokubonwa kokuhla kwexabiso leeasethi, ukubonwa kwangaphambili kokuhla kwexabiso lelahleko yeeasethi kubuyiswa umva ngokuthi kuhlengahlengiswe iakhawunti enguvimba. Ubuyiso-mvo alukhokeleli kwimali yeasethi eba ngaphezulu kwimali eyintlawulo yezavenge ukuba ukuhla kwexabiso leeasethi bekungabonwanga ngomhla wokuhla kwexabiso leeasethi ethe yabuyiswa umva ngalo. Ixabiso lobuyiso lwayo libonwa kwimali eseleyo okanye eshotayo.

Apho iiasethi ezizimali zicuthiwe ngenxa yokusetyenziswa kweakhawunti enguvimba, ubungakanani belahleko bubonwa kwimali eseleyo okanye eshotayo kwimali esetyenzisiweyo. Xa ezo asethi ezizimali zicinywa, kuhanjelwana neakhawunti yezibonelelo ehambelana noko. Iimali ebezicinyiwe zaze zahlawulwa zifakwa kwiimali zokusebenza.

Iiasethi zibalwa ngeendleko

Ukuba kukho ubungqina obubambekayo bokuba kubekho ukuhla kwexabiso lelahleko yeeasethi kutylomali kwinzala engabalwa ngexabiso leeasethi kuba ixabiso leeasethi lazo lingenakubalwa ngokuthembekileyo, ubungakanani bokuhla kwexabiso lelahleko yeeasethi bubalwa njengomahluko phakathi kwexabiso leasethi eyimali nexabiso langoku leemali ezinokungena nokuphuma kwixa elizayo kusetyenziswa isaphulelo sangoku seemarike sembuyekezo yeasethi eyimali ebufana naleyo. Oko kuhla kwexabiso

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Imigaqonkqubo yoNiko-Nkcaza ngeeeMali

lelahleko yeeasethi akubuyiswa mva.

1.3 Isixhobo sexabiso leeasethi (kusaqhutyekwa) Ukususa

Iiasethi ezizimali

Iziko lisusa iiasethi ezizimali ubalomali lorhwebo. Iziko lisusa iasethi eyimali kuphela xa:

- Amalungelo ekhontrakthi eemali ezingenayo neziphumayo easethi eyimali ephelelwe lixesha, ehlawulelwe okanye eyekisiwe;
- iziko lidlulisele kwelinye iqela yonke imingcipheko neembuyekezo zobunini beasethi eyimali; okanye
- iziko, noxa libambe imingcipheko neembuyekezo ezingundoqo zeasethi eyimali, linikeze ngolawulo lweasethi kwelinye iqela yaye elo qela liyakwazi ukuthengisa loo asethi iyonke kwelinye iqela elingenanto yokwenza nalo, yaye liyakwazi ukwenza loo nto lilodwa lingakhange labeka miqathango kolo dluliselo lweeasethi, kule meko, lingabekelanga iziko imiqathango:
 - liyisusa iasethi; kunye
 - naxa lithathela ingqalelo nawaphi amalungelo okanye uxanduva oludalwe okanye olugcinwe kudluliselo-ziasethi.

Ixabiso leasethi edlulisweyo labiwa phakathi kwamalungelo okanye uxanduva agciniweyo nalawo adlulisweyo ngokwexabiso leeasethi ngomhla wodluliselo. Amalungelo amatsha okanye uxanduva olutsha oludalekileyo lubalwa ngokwexabiso leeasethi lwangaloo mhla. Nawuphi umahluko phakathi kwengqwalasela efunyenweyo neemali eziboniweyo ubonwa kwimali eseleyo okanye eshotayo kwisithuba sodluliselo.

Ekususweni kweasethi eyimali iyonke, umahluko phakathi kwexabiso nemali yengqwalasela efunyenweyo ubonwa kwimali eseleyo okanye eshotayo.

Amatyala eemali

Iziko lisusa ityala eliyimali (okanye inxalenye yetyala eliyimali) kwingxelo yobume bemali xa licinyiwe –ukutsho oko, xa uxanduva oluxelwe kwikhontrakthi lwenziwe lwagqitywa, lucinyiwe, luphelelwe okanye luyekiwe.

Utshintshiselwano phakathi kombokisi nombokisi wetyala leeasethi olunemiqathango engafaniyo lubalwa njengokuba lulicimile ityala eliyimali lokuqala yaye kujongwa ityala eliyimali elitsha. Kananjalo, ukutshintsha okukhulu kwemiqathango kwityala eliyimali elikhoyo okanye inxalenye yalo kubalwa njengokuba lulicimile ityala lokuqala eliyimali lokuqala yaye kujongwa ityala eliyimali elitsha.

Umahluko phakathi kwexabiso letyala eliyimali (okanye inxalenye yetyala eliyimali) ocinyiweyo okanye odluliselwe kwelinye iqela ibe nengqwalasela ihlawulwe, kubandakanywa neeasethi ezingeyomali ezidlulisweyo okanye amatyala acingelwayo, ubonwa kwimali eseleyo okanye eshotayo. Nawaphi amatyala aphelisiweyo, axolelweyo okanye athathwe lelinye iziko ngothengiselwano olungelolwananiselwano axelwa kwiingxelo ngendlela yeGRAP eyingeniso engenzekanga ngenxa yonaniselwano (lirhafu noDluliselo).

1.4 Uluhlu lwempahla

Uluhlu lwempahla kuqala lwalulinganiselwa ngendleko ngaphandle kokuba uluhlu lwempahla lufunwa ngaphandle kwendleko, iindleko zabo ke ngoku zilixabiso labo elifikelelekayo ngomhla wokuthenga.

Kamva uluhlu lweempahla lulinganiselwa kwixabiso elisezantsi kunye nexabiso eliqinisekisiweyo eliseleyo.

Uluhlu lwempahla lulinganiselwa kwixabiso elisezantsi kunye nexabiso lokubuyiselwa langoku apho kuye kwafuneka kwenzeka oku:

- ukusasazwa ngaphandle kwentlawulo okanye ngentlawulo encinci; okanye
- ukusetyenziswa kwinkqubo yeempahla eziza kusasazwa ngaphandle kwentlawulo okanye ngexabiso elincinci.

Ixabiso yingqikelelo yexabiso lokuthengisa kwiimeko zesiqhelo zokusebenza ngaphantsi kweendleko zokwenziwa komsebenzi kwakunye neendleko ezifanelekileyo ukuthengisa, ukutshintshisa okanye ukuhambisa izinto

1.5 Amatyala elixa likaxakeka

Uqikelelo lwamatyala elixa likaxakeka lwenziwa xa iqumrhu linesibophelelo esikhoyo esisemthethweni ngenxa yezehlo zangaphambili, kunokwenzeka ukuba ukuphuma kwemithombo kuza kufuneka kulungise isibophelelo, kwaye uqikelelo oluthembekileyo lwesixa-mali sesibophelelo singenziwa.

Amatyala elixa likaxakeka akachazwa. Ezamaxesha kaxakeka zichazwa kwinqaku 20.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Imigaqonkqubo yoNiko-Nkcaza ngeeeMali

Izibophelelo

Izinto zicalulwa njengezibophelelo xa iqumrhu lizibophelele kwitransekhshini eliza kuyenza eza kuchaphazela imali eziinkozo.

Kufuneka zichazwe izibophelelo kwiitransekhshini ezingachazwanga.

Isibophelelo ekufuneka sichaziwe ukubonisa elona xabiso kufuneka zichazwe kumanqaku eenkcazomali, ukuba oku kulandelayo kufikelelwe:

- Iikhontrakthi kufuneka zibe zezingenakucinywa okanye zicinywe kuphela ngeendleko ezifanelekileyo (umzekelo, iikhontrakthi zeenkondo zeekhompuyutha okanye zokulungiswa kwezakhiwo); kwaye
- Iikhontrakthi kufuneka zingabandakanyi, umsebenzi wequmrhu – ngako oko izibophelelo zemisebenzi enokwenziwa ngabasebenzi abaqeshiweyo okanye nangabezokhuselo loluntu azibandakanywa.

1.7 Ingeniso yonaniselwano

Ingqwalasela

Ingeniso iqwalaselwa xa mhlawumbi iinzuzo zoqoqosho okanye inkonzo ezinokwenzeka ziza kuwela kwiqumrhu naxa isixa-mali sengeniso sinokulinganiselwa ngokuthembakalayo, naxa iindlela ezithile kuye kwafikelelwa kuzo kwimisebenzi yequmrhu. Ingeniso ephuma ekuhanjiseni kweenkonzo ibonwa njengentsalela okanye ukusilela kwisahlulo esikule meko yokhuphiswano lothengiselwano ngomhla wokwenziwa kwengxelo.

Ushishino lotshintshiselwano lolwaxa iziko lifumana iiasethi okanye iinkonzo, okanye xa licime amatyala ze linikezele ixabiso elibulingana (elizizinto, iinkonzo okanye usetyenziso lweeasethi) kwelinye iqela endaweni yoko.

Ubalo

Ingeniso ibalwa ngexabiso leeasethi lengqwalasela efunyenweyo. Isixamali asithathelwa ngqalelo ukuba singabalwa de zonke izinto ezininto yokwenza nolo shishino zibe zisonjululwe zonke.

Inzuzo, iiroyalthi nezahlulo

Inzuzo ibonwa, kwimali eseleyo okanye eshotayo, kusetyenziswa indlela yokubala inzuzo ngokweereyithi.

1.8 Ingeniso engenzekanga ngenxa yonaniselwano

Ingqwalasela

Ukungena kwezibonelelo ezisuka kuthengiselwano olungelolwananiselwano ezithathwa njengeasethi zithathwa njengengeniso, ngaphandle kwaxa ityala nalo lithathwa ngolu hlobo lufanayo.

Njengokuba iziko lisenza uxanduva lwalo oluthathwa njengetyala ngokwezibonelelo ezingenayo kunaniselwano olungelolwatshintshiselwa olubonwa njengeasethi, lihlisa ixabiso letyala ze lithathele ingqalelo imali yengeniso elingana nolo cutho.

Ubalo

Ingeniso esuka kuthengiselwano olungelolwananiselwano ibalwa ngemali yokunyuka kweeasethi ezishiyekayo emva kotsalo oluthathelwe ingqalelo liziko.

Ukuba kuthe ngenxa yothengiselwano olungelolwananiselwano, iziko labona iiasethi, likwabona nengeniso ehambelana nalo mali yeasethi ebalwa ngokwexabiso leeasethi lomhal wokufunyanwa kwazo, ngaphandle kokuba kufuneka kuqwalaselwe netyala. Ityala kufuneka liqwalaselwe ze libalwe njengeyona ngqikelelo yemali ekufuneka iihlawule ityala ngomhla wonikezo-ngxelo, yaye imali yokunyuka kweeasethi ezishiyekayo emva kotsalo, ukuba ikhona, ibonwa njengengeniso. Xa ityala licuthiwe kakhulu, kuba kubekho iiasethi ehlawulelwa okanye kwaneliswe imiqathango ethile, imali yokuhla kwetyala ibonwa njengengeniso.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Imigaqonkqubo yoNiko-Nkcaza ngeeeMali

1.8 Ingeniso engenzekanga ngenxa yonaniselwano (kusaqhutyekwa)

Iigranti neemali ezinemiqathango

Ingeniso ezifunyenwe kwigranti ezinemiqathango amalizo nenkxasomali enemiqathango ithathwa njengengeniso xa iziko lithobele nayiphi imiqathango okanye uxanduva oluchazwe kweso sivumelwano. Xa ezo zinto zinganthotyelwanga loo mali ithathwa njengetyala.

Inzuzo eyenziwe kutyalomali ilawulwa ngokwemiqathango yegranti. Ukuba kufuneka ihlawulwe lowo ebenikeze igranti, ibhalwa njengetyala, kodwa ukuba akunjalo, ibhalwa njengenzuzo kwingxelo yokuSebenza kweMali.

Igranti ezibuyisela iziko iindleko zalo zibhalwa kwimali eseleyo okanye eshotayo ngesistimu ethile kwezo zithuba zinye zokubhalwa kwendleko.

Iinkonzo ezinikezwa mahala

Iinkonzo ezinikezwa mahala ziinkonzo ezinikezwa ngabantu kumaziko zingahlawulisanga kodwa abo bantu basenokubeka imiqathango. Abasebenzi bolawulo lwezemali kwiziko banikeza inkxaso ebalulekileyo kwiziko ekuphumezeni ezi njongo. Inkonzo ebonelelweyo iqapheleka lulae ze ibhalwe kwingxelo yokuSebenza kweMali iphinde ichazwe nakwiingxelo zemali.

1.9 Uguqulo lweemali zangaphandle

Ushishino ngemali yangaphandle

Imali yangaphandle irekhodwa ngexabiso lokuqala ngeerandi, ngokuthi kwimali yangaphandle kusetyenziswe ireyithi yotshintshiselwano phakathi kwemali yalapha nemali yangaphandle ngomhla wothengiselwano olo.

Intengiso eyenziwe ngemali yangaphandle ibalwa ngereyithi yemali yangaphandle yangelo xesha lentengiselwano. Iimali ezikwimali yeemali yamanye amazwe ziguqulwa ngereyithi yotshintsho lwemali lwangalo mhla wonikezo-ngxelo. Iinzuzo okanye iilahleko ezenziwe luguqulo-mali zifakwa kwimali eseleyo/eshotayo.

1.10 Amanani othelekiso

Akukho manani othelekiso ahlangahlengisiweyo kulo nyaka uphethweyo.

1.11 Inkcitho

Inkcitho engenanjongo neyimosharha

Inkcitho engenanjongo neyimosharha ibonwa njengeasethi kwingxelo yobume bemali de kube ngelo xesha apho inkcitho iye yabuya kuloo mntu uyenzileyo okanye ibe icinyiwe njengenakuphinde ifumaneka kwingxelo yokuSebenza kweMali.

Inkcitho engafanelekanga

Inkcitho engafanelekanga ibonwa njengenkcitho kwingxelo yokuSebenza kweMali. Ukuba inkcitho ayikhalimelwanga ngugunyaziwe ofanelekileyo ithathwa njengeasethi de ibe iye yabuya okanye ibe icinyiwe njengenakuphinde ifumaneka.

Imali ezihlawulweyo neenkxasomali

Imali ezihlawulweyo neenkxasomali zithathwa njengenkcitho xa ugunyaziso lokugqibela lwenziwe kwisistimu (ungadlulanga umhla we-31 kweyoKwindla wonyaka ngamnye).

1.12 Imali eshiyekileyo

Imali eshiyekileyo imele umahluko phakathi kweeasethi zizonke naamatyala eziko ewonke. Naziphi iimali ezishiyekileyo nezishotayo ezenzeke kunyakamali othile zifakwa okanye zithathwe kwimali eshiyekileyo/eshotayo. Uhlengahlengiso olwenziwa phambi kokuqala konyaka, olumalunga nengeniso nenkcitho, zifakwa okanye zithathwe kwimali eshiyekileyo xa kusenziwa olo hlengahlengiso.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 KweyoKwindla 2018

Imigaqonkqubo yoNiko-Nkcaza ngeeeMali

1.13 linkcukacha ngebhaji

Ibhaji eyamkelweyo ilungiswa kusetyenziswa isiseko sothelekiso lwengeniso nenkcitho yaye ichazwa ngokohlelo loqoqosho oluhlanganiswa neenjongo zeziphumo zokusebenza.

Ibhaji eyamkelweyo ikhavarisha isithuba semali sika2017/04/01 ukuya ku2018/03/31.

Ibhaji yeziko loqoqosho ibandakanya zonke iibhaji zamaziko ezamkelweyo eziphantsi kwalo.

lingxelo zemali nebhaji zikwisiseko esinye sobalomali, ngoko ke, uthlekiso nezixamali eziibhajiweyo zesithuba sonikezo-ngxelo zibandakanyiwe kwiNgxelo yothelekiso lwebhaji neZona Mali.

1.14 Amaqela esisebenza nawo

Iqela onobudlelwane nalo ngumntu okanye iziko elikwaziyo ukulawula okanye ngokusebenza nelinye lilawule elinye iqela, okanye libe nefuthe elikhulu kwelinye iqela, okanye lona lilawulwe, okanye iziko eliphantsi kolawulo okanye esilawula kunye nalo ngaxeshanye.

Ulawulo ngamandla okulawula imigaqonkqubo yemali neyokusebenza yeziko ukuze azuze kuloo misebenzi. Ukulawula kunye kukuvumelana ngolawulo lomsebenzi apho kuye kwenziwe isivumelwano esibophelelayo yaye oko kwenzeka kuphela izigqibo zemali nezokusebenza zifuna ukuba wonke ubani avumelane kwiqela elilawulayo (amalungu)

Ushishino neqela osebenzisana nalo ludlulisele lwemithombo, iinkonzo okanye uxanduva phakathi kweziko neqela ekusetyenziswana nalo, nokuba kukho okanye akukho xabiso litshajiweyo.

Ifuthe elikhulu ngamandla othatho-nxaxheba kwizigqibo zemigaqonkqubo yemali neyokusebenza kweziko, abe umntu engenamandla kulo migaqonkqubo.

Abaphathi ngabo bantu abanoxanduva lokwenza izicwangciso, abanika umkhombandlela nabalawula yonke imisebenzi yeziko, kubandakanywa nabo banikwe umsebenzi wolawulo yeziko ngokomthetho, kwiimeko apho kufuneka benze loo misebenzi.

Amalungu asondeleyo osapho omntu athathwa njengalo malungu osapho anokuthi abe nefuthe kulawulo lwezinto ezenziwa kwelo ziko.

Eli ziko laphulelwe ukuba lingalandeli imiqathango yokuxela izinto ezininto yokwenza noshishino namaqela elisebenzisana nawo ukuba ngaba olo shishino lulandela iinkqubo zobonelelo ngeenkonzo zesiqhelo yaye / okanye ubudlelwane naloo mntu okanye loo mbonileli-nkonzo buhamba ngokwemiqathango yomthetho elawula elo ziko.

Apho iziko livunyelwe ukuba lingachazi ngoshishino lwalo njengokuba kuchaziwe apha ngentla, iziko elo linika nje amagqabantshintshi eenkcukacha ngoshishino olwenziweyo neebhalansi ezingekahlawulwa ukulungiselela ukuba abasebenzisi beengxelo zemali zeziko bazi ngefuthe lolo shishino kwiingxelo zeMali zoNyaka.

1.15 Iziganeko emva komhla wonikezo-ngxelo

Iziganeko ezenzeka emva komhla wonikezo-ngxelo zeza ziganeko, ezintle nezingentlanga, ezenzeka phakathi komhla wonikezo-ngxelo nomhla iingxelo zemali ekugunyaziswe ukuba zikhutshwe ngawo. Zimbini iintlobo zeziganeko ezinokuchongwa:

- ezo zinikeza ubungqina bemiqathango ebikhona ngomhla wonikezo-ngxelo (iziganeko ezihlengahlengisiweyo emva komhla wonikezo-ngxelo); kunye
- nezo zibonisa imiqathango evela emva komhla wonikezo-ngxelo (iziganeko ezingahlengahlengisiweyo emva komhla wonikezo-ngxelo).

Iziko liya kuhlelisa iimali ezikwiingxelo zemali ukubonisa iziganeko ezihlengahlengisiweyo emva komhla wonikezo-ngxelo xa isiganeko senzekile.

Iziko liya kuxela ubunjani besiganeko kunye nohlengahlengiso lwefuthe kwiimali okanye ingxelo ethi olo qikelelo alunakwenziwa kwiziganeko ezihlengahlengisiweyo, apho ukungachazi kunokuba nefuthe kwizigqibo zoqoqosho kubasebenzisi ngokweengxelo zemali.

1.16 Irhafu-ntengo (VAT)

Iziko linikwe imvume yokuba lingabhalisele VAT. Kambe ke, ukuba kukho inkxasomali efunyenweyo efunisa ukuba iziko libhalisele iVAT, eso sicelo siya kufakwa.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Iingxelo zeMali zonyaka ophele 31 kweyoKwindla 2018

Amanqaku ngeNgxelo zeMali zoNyaka

	2018 R '000	2017 R '000
2. Imigangatho emitsha notoliko olutsha		
2.1 Imigangatho notoliko eyamkelweyo neqale ukusebenza kulo nyaka		
Kulo nyaka, iziko lamkele le migangatho ilandelayo notoliko lwayo eqale ukusebenza kulo nyakamali nelungele iindawo esebenza kuzo:		
Umsebenzi/Utoliko:	Umhla wokusebenza: Iminyaka eqala ngo- okanye emva kwe-	Ifuthe elilindelekileyo:
<ul style="list-style-type: none"> GRAP 1 (eyenziwe izilungiso 2016): Indlela yokubeka Iingxelo zeMali GRAP 2 (eyenziwe izilungiso 2016): Iingxelo zokusetyenziswa kwemali GRAP 3 (eyenziwe izilungiso 2016): Imigaqonkqubo yeNkcazomali, uTshintsho kuQikelelo lokuAkhawunta nolweeMpazamo GRAP 9 (eyenziwe izilungiso 2016): Ingeniso yoNaniselwano GRAP 12 (eyenziwe izilungiso 2016): Izinto zeziko GRAP 14 (eyenziwe izilungiso 2016): Iziganeko emva kwesithuba soniko-ngxelo GRAP 19 (eyenziwe izilungiso 2016): Izibonelelo, Amatyalane neeAsethi ezisenokuba khona GRAP 23 (eyenziwe izilungiso 2016): Ingeniso engenzekanga ngenxa yonaniselwano GRAP 24 (eyenziwe izilungiso 2016): Ukubekwa kweeNkcukacha zeBhajethi kwiiNgxelo zeMali GRAP 104 (eyenziwe izilungiso 2016): Isixhobo sexabiso leeasethi 	<ul style="list-style-type: none"> 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 01 kuTshazimpuzi 2016 	<ul style="list-style-type: none"> Utshintsho alunafuthe. Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe. Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe Utshintsho alunafuthe

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Iingxelo zeMali zonyaka ophela 31 kweyoKwindla 2018

Amanqaku ngeNgxelo zeMali zoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko olutsha (kusaqhutyekwa)

2.2 Imigangatho emitsha notoliko olukhutshiweyo, kodwa olungekasebenzi

Iziko alikayisebenzisi le migangatho nolu toliko lulandelayo osele lupapashiwe yaye lusisinyanzelo kwisithuba soniko-nkcaza ngeemali ukususela nge-01 kuTshazimpuzi 2018 okanye kwizithuba ezilandelayo:

Umsebenzi/Utoliko:	Umhla wokusebenza: Iminyaka eqala ngo- okanye emva kwe-	Ifuthe elilindelekileyo:
• GRAP 34: Iingxelo zeeMali ezaHlukileyo	Akho mhla ubekiweyo	Akunakufane kubekho futhe libambekayo
• GRAP 35: Iingxelo zeeMali eziHlanganisiweyo	Akho mhla ubekiweyo	Akunakufane kubekho futhe libambekayo
• GRAP 36: Utyalomali naMahlakani	Akho mhla ubekiweyo	Akunakufane kubekho futhe libambekayo
• GRAP 37: Intsebenziswano namanye aMaziko	Akho mhla ubekiweyo	Akunakufane kubekho futhe libambekayo
• GRAP 38: Ukuchaza ngoBudlelwane namanye aMaziko	Akho mhla ubekiweyo	Akunakufane kubekho futhe libambekayo
• GRAP 110: Imithombo ePhilayo neNgaphiliyo	01 KuTshazimpuzi 2020	Akunakufane kubekho futhe libambekayo
• GRAP 20: Amaqela esinobudlelwane nawo	01 kuTshazimpuzi 2019	Akunakufane kubekho futhe libambekayo
• GRAP 32: Amalungiselelo onikezelo-Nkonzo: IGranta	Akho mhla ubekiweyo	Akunakufane kubekho futhe libambekayo
• GRAP 108: Ezifunyanwa ngokuseMthethweni	01 KuTshazimpuzi 2019	Akunakufane kubekho futhe libambekayo
• GRAP 109: Ukunikezwa kweNgxelo ngaBaphathi	Akho mhla ubekiweyo	Akunakufane kubekho futhe libambekayo

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 kweyoKwindla 2018

Amanqaku ngeeNgxelo zeMali zoNyaka

	2018 R '000	2017 R '000
3. Imali eziinkozo nokufana nayo		
Imali eziinkozo nokufana nayo inezi zinto:		
libhalansi zebhanki	501	199
lidipozithi zexesha elifutshane	7 115	6 164
	7 616	6 363

Ixabiso lemali esebhankini neediphozithi zexesha elifutshae, ngaphandle kwemali ekhoyo

Imali eziinkozo nokufana nayo yenziwa yikheshi nemali egcinwa ixesha elifutshane, imali etyalwe ezibhankini ezibhalisiweyo nevuthwa kwiinyanga ezintathu okanye ngaphantsi koko nezisemngciphekweni ngokusingise kwinzala. Ixabiso lezi asethi lilingana nexabiso elifanelekileyo lazo

4. Uluhlu lweempahla zeziko

limpahla zeziko	123	123
-----------------	-----	-----

5. Izinto ezifunyenwe kwiitransekhshini zotshintshiselwano

Amatyala orhwebo	89	90
Inzala efunyenweyo	52	20
	141	110

6. Izinto ezifunyenwe kwiitransekhshini ezingezozatshintshiselwano

Okunye okufunyenwe kwingeniso engeyoyananiselwano	-	1 200
---	---	-------

7. Okuhlalulwe kwiitransekhshini zotshintshiselwano

lintlawulo zorhwebo	100	12
	100	12

8. Iigranti ezinemiqathango ezingasetyenziswanga

Iigranti nezibonelelo ezinemiqathango ezingasetyenziswanga comprises of:

Iigranti ezinemiqathango ezingasetyenziswanga - National Lotteries Board	516	555
Iigranti ezinemiqathango ezingasetyenziswanga – Isebe loKhenketho leSizwe	200	-
	716	555

Iigranti enemiqathango efunyenwe kwiNational Lotteries Board yeyeprojekthi yeBaboon Point Conservation Management Plan ze eyeSebe loKhenketho leSizwe ibe yeyeesayini zeTourism Interpretive kwiGugulethu Seven Memorial.

9. Imirhumo yezicelo zezinto ezililifa lemveli

Imirhumo yezicelo zezinto ezililifa lemveli	845	787
---	-----	-----

Ukunyuka kwenziwa kukufunyanwa kwezicelo ezingaphezu kwezo bezilindelekile.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophela 31 kweyoKwindla 2018

Amanqaku ngeeNgxelo zeMali zoNyaka

	2018 R '000	2017 R '000
10. Ingeniso yenzala		
Inzala efunyenweyo	559	472
<p>Ukunyuka kwenzala kwenziwe kukunyuka kwemali ekoovimba njengoko bekuye kwafunyanwa enye inkxasomali apha enyakeni yeeprojekthi ezithile; iWorld Heritage Nomination Dossier neTourism Interpretive signage yeGugulethu Seven Memorial.</p>		
11. Enye imali engeyoyaniselwano		
Imali yesisa: iinkonzo ezingahlawulelwayo	546	526
linkonzo ezingahlawulelwayo zicaciswe kwiNqaku 16		
12. Ukusetyenziswa kwezibonelelo-mali ezinemiqathango		
Ukusetyenziswa kwezibonelelo-mali ezinemiqathango	38	15
13. Imali neenkxasomali ezifunyenweyo		
Imali neenkxasomali ezifunyenweyo	1 611	3 000
<p>Ngo-2016/17, iZiko lifumene enye intlawulo eyongezelelekileyo kwiSebe leMicimbi yeNkcubek neMidlalo xa kuthelekiswa nalo nyaka uphonongwayo.</p>		
14. lintlawulo zophicotho-zimali		
Uphicotho lwangaphandle	86	81
15. lintlawulo zokucetyiswa nezobungcali		
lintlawulo zokucetyiswa nezobungcali	708	1 273
<p>Kunyakamali ka2016/17 kugqitywe iprojekthi yeHeritage Information Management System (HIMS) ze oko kwehlisa imali zeengcali kulo nyaka uphonongwayo.</p>		
16. Inkcitho Gabalala		
lintengiso	117	77
lindleko zebhanki	4	3
lindleko zabasebenzi: iinkonzo ezingahlawulelwayo	546	526
Ulonwabo	99	166
Imathiriyeli yokufunda neyenkxaso	-	5
lindleko zomthetho	834	290
Ukuprinta nesteshinari	48	50
lisemina neewekhishophu	70	-
Uhlaziyo lweelayisenisi zeenkqubo zekhompyutha	28	18
Inkxasomali yokuhamba	229	172
lindleko zeendawo ezisetyenziswayo	38	15
	2 013	1 322

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 kweyoKwindla 2018

Amanqaku ngeeNgxelo zeMali zoNyaka

2018 R '000	2017 R '000
----------------	----------------

16. lintlawulo ngokubanzi (kusaqhutyekwa)

lintengiso:

Umahluko wenziwa kukuba iziko liye nlenza izibhengezo kumaphephandaba ahlukeyo ukuze uluntu lunike izimvo zalo kwakunye nabo bachaphazelekayo bavakalise izimvo ngemidla yokhuselo yexeshana yeTwo Rivers Urban Park (TRUP).

Iindleko zabasebenzi: iinkonzo zesisa:

Amagosa eSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo enza imisebenzi yolawulo neyefisi enento yokwenza neZiko leLifa leMveli laseNtshona Koloni. Abasebenzi beseba abaxhasa eli ziko babandakanya iGosa eliPhethe iziMali, uMlawuli weeMyuziyam, aMafa eMveli naMagama eeNdaw, abasebenzi bala maCandelo kunye neqela leCandelo leZimali elixhasa iGosa eliPhethe iziMali. Ngeli lixa abasebenzi bamacandelo naBaphathi besenza imisebenzi emibini, iqela elilawula izimali lijongene nje lona neZiko eli likaRhulumente. Ngenxa yemisebenzi emibini eyenziwa ngaba basebenzi, akululanga ukwaba ixesha elichithwa kusenziwa umsebenzi waMaziko kaRhulumente. Ngenxa yoko, imali yesisa yemivuzo yabo ayikwazi kubalwa ngokuchanekileyo. Ngoko ke, imali ehlawulwayo inikwa iqela elisebenza ngeemali elijongene nomsebenzi weli ziko kuphela, elixhasa iCFO ekudlaleni indima yakhe njengeCFO kwiZiko nakwiSebe. Imali exeliweyo ngoko ke yimali ehlawulwe abasebenzi abasebenza ngezimali zeziko kuphela.

Ulonwabo:

Umahluko wenziwa kukuhla kwenani leentlanganiso ezibanjwe kulo nyakamali uphononongwayo xa kuthelekiswa nezo nyaka odlulileyo.

Iindleko zomthetho:

Umahluko wenziwa kukunyuka kokumangalelwa namatyala asezinkundleni kulo nyakamali uphononongwayo.

Iisemina neewekhishophu:

Iziko liye lasindleko iwekhishophu yokwenza izicwangciso yamalungu nabasebenzi apha enyakeni.

Uhlaziyo lweelayisenisi zeenkqubo zekhompyutha:

Ukunyuka kwenziwe luhlaziyo lonyaka lweeLayisenisi zePastel Accounting neCaseware. ICaseware isetyenziselwa ukuqulunqa iingxelo zonyaka.

Inkxasomali yokuhamba:

Ukunyika konyaka kwemali ehlawulwa amalungu nokuhamba okongezelelekileyo ukutyelela iziza ezahlukeyo.

Iindleko zeeNdawo ezisetyenziswayo:

Ukunyika kwenziwe kukuba kuye kwaqeshwa iindawo eziliqela kulo nyaka xa kuthelekiswa nonyaka ogqithileyo.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophela 31 kweyoKwindla 2018

Amanqaku ngeeNgxelo zeMali zoNyaka

	2018 R '000	2017 R '000
17. lintlawulo zamalungu		
Achmat, F	3	5
Annas, R	14	12
Baumann, N	13	11
Büttgens, P	48	40
Claassen, P	-	27
De Kock, S	3	10
De Swardt, I	12	16
de Waal, J	40	16
Dumbrell, K	14	7
Galimberti, M	10	11
Gribble, J	12	-
Gibbs, D	24	-
Hall, A	13	7
Hart, T	-	16
Hermansen, S	-	21
Jacobs, G	58	49
Joubert, E	-	11
Lawson, Q	-	16
Lavin, J	3	3
Le Grange, L	31	7
Le Roux, S	-	4
Leshoro, T	13	5
Leslie, M	-	37
Malan, Dr A	60	44
Mangiagalli, B	8	-
Mavumengwana, S	50	42
Muller, C	51	16
Mutti, B	44	29
Nyikosa, M	13	8
Orton, J	11	13
Postlenthwayt, C	-	25
Robinson, L	-	19
Ruiters, R	17	35
Samie, Q	13	19
Saunders, D	10	-
Scurr, M	43	44
Smart, C	24	15
Snelling, C	70	41
Ström, K	74	30
Summers, R	-	10
Thomas, G	23	11
Thorold, T	-	6
Throne T	-	4
Todeschini, F	14	11
Townsend, S	-	9
Van Graan, A	14	2
Vermeulen, F	31	30
Walker, S	10	14
Webley, L	23	29
Wicomb, M	-	2
Williams, G	16	12
Winter, S	-	37
Wolters, M	-	4
Young, J	27	14
	957	906

The Increase is due to the annual tariff increase as stipulated by National Treasury as well as for members attending site visits.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

lingxelo zeMali zonyaka ophele 31 kweyoKwindla 2018

Amanqaku ngeeNgxelo zeMali zoNyaka

	2018 R '000	2017 R '000
18. Imali efunyenwe xa bekusetyenzwa		
(Intsilelo) intsalela	(165)	1 218
Uhlengahlengiso lwezi zinto:		
Ukusetyenziswa kweegranti ezinemiqathango	(38)	(15)
Utshintsho kwikhapital yokusebenza:		
Izinto ezifunyenwe kwiitransekhshini zotshintshiselwano	(31)	(7)
Ezinye izinto ezifunyenwe kwiitransekhshini ezingezozatshintshiselwano	1 200	(520)
Okuhlawulwe kwiitransekhshini zotshintshiselwano	88	(159)
Iigranti nezibonelelo ezinemiqathango ezingasetyenziswanga	199	-
	1 253	517
19. Iimali zezibophelelo		
Inkcitho yokusebenza egunyazisiweyo		
Eyamkelweyo nekhutshelwe ikhontrakthi		
• Business Connexion - Database development	-	2 262
• Archaeo- Adventures: CMP for Early Cape Farmstead	-	636
• African Web - Website hosting	23	-
• Creative Catering	77	-
